

INgqokelela yamaBali

ISIXHOSA
ULWIMI LWASEKHAYA

IKOTA 1 & 2



IBANGA
1





INggokelela yamaBali

IBANGA 1 | IKOTA 1 & 2


ISIXHOSA

**Copyright © 2026 National Educational
Collaboration Trust (NECT)**

This work is licensed under a **Creative Commons
Attribution–NonCommercial–NoDerivatives 4.0
International License (CC BY-NC-ND 4.0)**.

Additional permissions beyond the scope of this license
may be available. For further information, please
contact the publisher at **materials@nect.org.za**.

First edition, 2026




IKOTA 1



IMEPHU YOMZANTSI AFRIKA



UMntla Koloni




Incwadi entsha
kaLumka



INTshona Koloni



ULwandlekazi
lweAtlantiki



ILimpopo

Ibhitruthi enkulu



Usana lwakuloSihle

IMpumalanga

UMntla Ntshona

IGauteng



Usuku lokuqala lukaOlwethu

IFreyistata



UVelile ufunda ukufunda

IKwaZulu-Natal



Ibhere lichetyiwe

IMpuma Koloni



ULwandlekazi lweIndiya



IMEPHU YEHLABATHI





IASia

IYurophu

IAfrika

Umhlobo wam
wembalelwano,
uLi Wei

Ulwandlekazi
lwePasifiki

Ulwandlekazi
lweIndiya

IAustralia

IAntarctica

IKOTA I AMABALI



1. Usuku lokuqala lukaOlwethu

1



2. Umhlobo wam wembalelwano, uLi Wei

13



3. Ibhere lichetyiwe

25



4. Usana lwakuloSihle

37



5. Incwadi entsha kaLumka

51



6. UVelile ufunda ukufunda

65



7. Ibhitruthi enkulu

79



8. Kutheni illama ihlala phezulu

93

IBALI 1

USUKU LOKUQALA

LUKAOLWETHU

Umxholo: Siya esikolweni



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liya kunceda abafundi baqonde ngcono ukuba ixhala likhangeleka likwavakala njani.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Usapho lukaOlwethu luqaphela iinyembezi kuye luqonde ukuba akonwabanga.
- UOlwethu uziva ngcono kuba usapho lwakhe lunika inkxaso. Ngocedo lwabo uthi abenakho ukujongana nologyiko lokuqala isikolo.
- UOlwethu wayesoyika ekuqaleni, kodwa uphela esithanda isikolo. Ngamanye amaxesha, siba nexhala lento entsha, kodwa ayibikho mbi njengoko besicinga.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Yenza unxulumaniso

- Yintoni: Ukucinga indlela ibali elinxulumana ngayo nobomi bakho, ezinye iincwadi okanye ihlabathi.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqonda nokulandela ngcono ibali ngokulinxulumanisa nezinto osele uzazi.
- Inceda njani: Yenza ibali libe nentsingiselo kwaye kube lula ukulikhumbula.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
3, 1	Kungekudala uOlwethu uza kuya esikolweni okokuqala ebomini bakhe. Oku kwakumenza ixhala kakhulu. Kwakunzima ukulala. Kwakunzima nokutya.	Ingoyikisa kakhulu into yokulinga nantoni na okokuqala. Ndikhumbula indlela endandiziva ngayo ukuqala kwam ukuba ngutitshala. Ndandiphethwe luvalo, andizange ndikwazi nokulala!
10, 1	Ekugqibeleni lafika ixesha lokugoduka. “Andifuni kugoduka mna,” wakhala watsho uOlwethu.	Ndiyakwazi ukunxulumanisa. Ngamanye amaxesha, ukwenza into okokuqala kunzima kwaye kuyoyikisa. Kodwa, akubi nzima njengokuba besicinga ukuba koba njalo!

Kungekudala uOlwethu uza kuya esikolweni okokuqala ebomini bakhe. Oku kwakumenza ixhala kakhulu. Kwakunzima ukulala. Kwakunzima nokutya.



Ngosuku lwesithathu phambi kokuvulwa kwezikolo, umakhulu kaOlwethu waya naye ezivenkileni esiya kumthengela iimpahla zesikolo, izihlangu zesikolo kunye nezinto zokubhala ezifunekayo. Wayekuthanda kakhulu ukuya ezivenkileni uOlwethu.

“Andifuni kuhamba nawe mna makhulu,” wakhala eteksini bada baya kufika edolophini.

“Hayi bo! Kutheni? Ndiyakwazi kaloku wena uyakuthanda ukuya edolophini,” watsho umakhulu.

“Andifuni kuya esikolweni mna. Andifuni kwahlukana nawe, makhulu,” watsho uOlwethu.

“Musa ukoyika, akukho nento le,” watsho umakhulu wakhe. “Uza kufika ndikhona ndikulindile yonke imihla xa ubuya esikolweni.”



Ngosuku lwesibini phambi kokuvulwa kwezikolo, udade bo-Olwethu omdala, uZinzi, wamncedisa ukupakisha izinto zakhe zokubhala kubhaka wakhe omtsha.

“Andifuni kupakisha bhaka mna,” wakhala uOlwethu.

“Kutheni na ntombi? Unale bhegi intle intsha, nazo zonke ezi zinto zokubhala zintsha!” utshilo uZinzi.

“Andifuni kuya sikolweni mna. Andifuni kuba sesikolweni imini yonke!” watsho uOlwethu.

“Musa ukoyika,” watsho uZinzi. “Ndiza kube ndikhona nam yonke imihla.”



Ngosuku oluphambi komhla wesikolo, umama kaOlwethu wambonisa ukuba zibengezeliswa njani izihlangu zakhe ezitsha.

“Andifuni kunxiba ezi zihlangu mna!” wakhala watsho uOlwethu.

“Hayi bo! Ngoku uzithanda kangaka izihlangu ezitsha wena?” watsho umama kaOlwethu.

“Andifuni kuya sikolweni mna mama! Ndifuna ukuhlala ekhaya ndidlale nabanye abantwana imini yonke,” watsho.

“Musa ukoyika,” watsho umama wakhe. “Kuyadlalwa ngexesha lekhefu, kanti ke ungadlala nokuphuma kwesikolo.”




Intsasa yosuku lokuya esikolweni kukaOlwethu yade yafika. UOlwethu wanxiba iimpahla zakhe zesikolo. Zazicocekile, zolulwe kakuhle, zithe ncwaba. Wavala iziphu yobhaka wakhe waza wawuxwaya. Wawunzima lo bhaka. Wanxiba izihlangu zakhe zesikolo ezitsha. Zazibengezela ngokugqibeleleyo. Wathi krwaqu esipilini. Wayekhangeleka efanelekile, elungele ukuphuma aye esikolweni, kodwa yena wayengaziva njalo!

“Masihambe,” watsho uZinzi.



“Andifuni kuya sikolweni mna Zinzi!” Wakhala loo ndlela yonke iya esikolweni uOlwethu.



Yathi yakukhala intsimbi wangena kwigumbi lakhe lokufundela elitsha uOlwethu. Utitshala wakhe wambonisa indawo yakhe yokuhlala ecaleni kwentwazana eneenwele ezilungiswe zafana nqwa nezakhe! Bancumelana.

Utitshala wabafundisa abafundi beklasi yakhe ingoma entsha. Emva koko bazoba imifanekiso yeentsapho zabo.



Ekugqibeleni lafika ixesha lokugoduka. “Andifuni kugoduka mna,” wakhala watsho uOlwethu.





Ufundo 1

Lithetha ngabani eli bali?

Lithetha ngo-Olwethu.

Wayeqala ukuya phi uOlwethu?

Wayeqala ukuya esikolweni.

Kwakutheni uOlwethu engafuni ukuya esikolweni?

- Kuba wayeziva esoyika.
- Kuba zange wakhe waya esikolweni ngaphambili.
- Kuba wayefuna ukuhlala ekhaya nomakhulu wakhe.
- Kuba wayefuna ukudlala imini yonke.



Ufundo 2

Ngubani onceda uOlwethu alungiselele usuku lwakhe lokuqala esikolweni?

Ngumakhulu wakhe, udade wabo omdala uZinzi, kunye nomama wakhe.

Wayeziva njani uOlwethu ngexesha lokugoduka esuka esikolweni?

Waziva ekhathazekile. / Wayengafuni ukugoduka.

Kutheni uOlwethu wayengafuni ukugoduka ekupheleni kwebali?

- Kuba wasithanda isikolo.
- Kuba wafumana umhlobo.
- Kuba wonwaba.
- Kuba wayonwabile engafuni ukuba imini iphele.



IBALI 2

UMHLOBO WAM

WEMBALELWANO, ULI WEI



Umxholo: Siya esikolweni



**Iinkcukacha
ngemvelaphi**

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika naseTshayina.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liya kunceda abafundi bakho baqonde ukuba abantu kumazwe awohlukileyo bayafana nabo ngezinye iindlela ze bahluke ngezinye.



**Eminye imiba
yokwabelana nabafundi
bakho**

- Abantwana kwihlabathi jikelele baya esikolweni ze batye isidlo sasemini esikolweni.
- Abantwana kwihlabathi jikelele bafunda ze batye izinto ezithile ezahlukileyo kubantwana beli loMzantsi Afrika.
- Umhlobo wembalelwano ngumntu othi umbhalele iileta. Oku kusanceda sifunde indlela abaphila ngayo abanye abantwana abahlala kude kakhulu kuthi.
- Umbalisi ngumntu obalisa ibali.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Yenza unxulumaniso

- Yintoni: Kukucinga indlela ibali elinxulumana ngayo nobomi bakho, ezinye iincwadi okanye ihlabathi.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqonda nokulandela ngcono ibali ngokulinxulumanisa nezinto osele uzazi.
- Inceda njani: Yenza ibali libe nentsingiselo kwaye kube lula ukulikhumbula.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
15, 1	Ngosuku lwam lokuqala esikolweni utitshala wam wasichazela ukuba siza kuba nabahlobo bembalelwano baseTshayina.	Ndiyakwazi ukwenza unxulumaniso neli bali: USuku lokuQala lukaOlwethu. Lungosuku lukanobalisa lokuqala esikolweni, lufana nosuku lokuqala lukaOlwethu.
20, 3	“Kunzima kuthi, kuba asizange sawasebenzisa! Kodwa abantwana baseTshayina bona bayakwazi ukusebenzisa amakhunana okutya xa besitya irayisi!” watsho.	Ndiyakwazi ukwenza unxulumaniso: ngamanye amaxesha sitya irayisi ngesidlo sasemini, kanye njengabantwana baseTshayina. Kodwa eyethu irayisi siyitya ngendlela eyahlukileyo – sisebenzisa ifolokhwe okanye icephe, abantwana baseTshayina bona basebenzisa amakhunana okutya.

Ngosuku lwam lokuqala esikolweni utitshala wam wasichazela ukuba siza kuba nabahlobo bembalelwano baseTshayina. Wasibonisa umfanekiso weklasi esasiza kuba nabahlobo bembalelwano kuyo. “Usuku lokuqala luza kuba ngeyoMsintsi”, wacacisa, “owethu unyaka wesikolo uqala ngeyoMqungu, kodwa eTshayina isikolo siqala ngeyoMsintsi siye kuma kweyeKhala!”




Emva koko utitshala wam wasibonisa iTshayina kwimephu. “ITshayina iseAsia,” wacacisa, “elo lilizwekazi elahlukileyo. Thina sihlala kwilizwekazi iAfrika.”



UZinzi waphakamisa isandla wabuza, “Bafunda ntoni abantwana bamaTshayina esikolweni?”


Utitshala wam wayengaqinisekanga, waza wavula ikhompyutha wakhangela kwi-intanethi. Wafunda amanqaku athile awafumanayo. “Abantwana bamabanga aphantsi bafunda ulwimi lwesiTshayina, isiNgesi, imathematika, izifundo zemithambo, umculo, ezobugcisa, izifundo zendalo kunye noncwadi,” wafunda wenjenjalo.




Utitshala wam wasibonisa umfanekiso wamagama athile abhalwe ngolwimi olwaziwa ngokuba yiMandarin, kwezamaTshayina. Wacacisa ukuba kulo nyaka, siza kufunda ngesiXhosa. Siza kufunda oonobumba abangama26 bokufunda ze sibhale onke amagama ngolwimi lwethu. Kodwa kulwimi lwamaTshayina igama ngalinye linophawu lwalo olukhethekileyo, ngoko ke abantwana kufuneka bafunde amawakawaka eempawu.



Emva koko, utitshala wam wakhangela kwi-intanethi wafumana ividiyo yabantwana besikolo bamaTshayina besenza imithambo yakusasa. Sabukela amakhulukhulu abantwana besikolo bemi ngemiqolo ecwalileyo, besenza imithambo yakusasa bekhokelwa ngumculo okhalela phezulu. Inqununu yabala, “Yi, er, san, si” (1,2,3,4) inceda wonke umntu abambe isingqi.



“Jonga ezi zinto,” watsho utitshala ebambe amakhunana amabini okutya. “Ezi zinto zibizwa ngokuba zii‘chopsticks’,” watsho. “Thina sitya ngezandla okanye ifolokhwe, imela kunye necephe. Kodwa eTshayina, abantwana batya isidlo sabo sasemini ngala makhunana.”



Utitshala wacela uKagiso ukuba asebenzise amakhunana okutya aze achole amatyana amancinane.

Sahleka sonke njengoko sasimjonge ezama. “Kunzima kuthi, kuba asizange sawasebenzisa! Kodwa abantwana baseTshayina bona bayakwazi ukusebenzisa amakhunana okutya xa besitya irayisi!” watsho.

Eklasini yam, sisaqala ukufunda ukufunda. Utitshala wasiyalela ukuba sigoduke noonobumba bethu ze sibafunde kunye nabazali bethu. Uthe abazali bethu bangasanceda sibhale ileta ze sithathe nemifanekiso siyithumele nayo! “Kodwa ke ekupheleni konyaka, niya kuba nizibhalela iileta zenu. Leyo yinjongo yethu!”



Ekugqibeleni, wanika umntu ngamnye ileta evela kumhlobo wembalelwano. Ndavula invulophu ndafumana isibhilitivana nomfanekiso womhlobo wam wembalelwano omtsha!





Ufundo 1

Ufunda phi unobalisa?

Unobalisa ufunda eMzantsi Afrika.

Ngowaphi umhlobo wembalelwano kanobalisa?

Umhlobo wembalelwano kanobalisa ngowaseTshayina.

Uyakwazi na ukwenza unxulumaniso nabantwana besikolo baseTshayina? Yintoni enifana nabo ngayo?

- Siya esikolweni.
- Sitya irayisi njengesidlo sasemini ngamanye amaxesha.
- Sifunda isiNgesi neMathematika.
- Siyazilolonga.
- Sifunda ukufunda sibhale.



Ufundo 2

Basebenzisa ntoni abantwana baseTshayina xa besitya isidlo sabo sasemini?

Abantwana baseTshayina basebenzisa amakhunana xa besitya isidlo sabo sasemini.

Ungaziva njani xa unokuba nomhlobo wembalelwano, njengonobalisa?

Ndingaziva... kuba...

Zahluka ngantoni izikolo zoMzantsi Afrika kwezaseTshayina?

- Abantwana baseTshayina baqala isikolo ngeyoMsintsi.
- Abantwana baseTshayina bafunda ezinye izifundo ezahlukileyo - ezinjengoncwadi nezifundo zendalo.
- Abantwana baseTshayina bafunda oonobumba abohlukileyo kwabethu.
- Abantwana baseTshayina bazilolonga bekunye kusasa.
- Abantwana baseTshayina basebenzisa amakhunana xa besitya.



IBALI 3

IBHERE

LICHETYIWE

Umxholo: Iintsapho zethu



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liya kunceda abafundi baqonde ukuba sinako ukungaboni ngasonye nabantu esibathandayo.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- UJosh ucinga ukuba wenza okulungileyo ngokucheba iinwele zikaThedi. Ufuna ukwenzela udadewabo okuhle emva kokuba ethe uThedi 'mdala'.
- UMarie ukhubekile emva kokubona iinwele zikaThedi zichetyiwe.
- Eli bali libonisa ukuba ngamanye amaxesha abantu abaziva ngendlela esiyilindeleyo. Abantu banokungaboni ngasonye.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Thatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo

- Yintoni: Ukuqikelela izinto umbhali angazicacisanga ngokuthe ngqo, usebenzisa imikhondo esebalini.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqonda intsingiselo enzulu nemiyalezo efihliweyo.
- Inceda njani: Ikunceda uthathe izigqibo njengoko ufunda, uze uqonde ngcono ibali nabalinganiswa.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
29, 4	“Ndiqinisekile uMarie uza kothuka. Uza kucinga ukuba ufumene ibhere elitsha kraca,” wacinga njalo uJosh.	Ndizithathela isigqibo esisekelwe kulwazi olusebalini, uJosh uzama ukwenzela udadewabo into entle. Umvile esithi uThedi mdala, uye wacinga ukuba angavuya xa uThedi enokukhangeleka mtsha.
34, 1	UJosh wangena egumbini ephethe ibhatyi eluhlaza. “Le ndiyithathe kowam uthedi,” watsho uJosh. “Ndicinga ukuba owakho uthedi uyidinga ngaphezu kowam.”	Ndizithathela isigqibo esisekelwe kulwazi olusebalini, uJosh akonwabanga ufuna ukunceda udadewabo azive ngcono. Yiyo loo nto emnika ibhatyi yothedi wakhe.

Uthedi kaMarie yayiyeyona nto yakhe ixabiseke ngokukhethekileyo. Wayelala nalo thedi wakhe ukhethekileyo ukususela ebuntwaneni, eselusana. Yonke imihla ebusuku wayegona uthedi wakhe othambileyo. Xa eziva ekhathazekile wayegona uthedi wakhe othambileyo. Xa esekhaya uthedi wakhe wayesoloko ekunye naye.

UThedi yayikukuphela kwento yokudlala ekhethekileyo umama wakhe awayengazange enze uMarie ukuba abelane namntu ngayo. Kodwa uMarie wayengudade omdala onesisa – wayesoloko emyeka uJosh owayengumntwana ambambe uThedi adlale naye.



Ngaminazana ithile emva kwemini, uMarie noJosh babedlala, uJosh weva uMarie ethetha nothedi wakhe.

“Uye usiba mdala kakhulu ngoku,” watsho ehleka. Wamgona uthedi wakhe. “Kodwa ndiyakuthanda nokuba kunjalo.”



Ngosuku olulandelayo, ngeli lixa uMarie asesikolweni, uJosh wafumana isikere ekhithshini.

“Ndinecebo!” wacinga njalo uJosh. UJosh wacinga ngothedi kaMarie omdala. “Ndingamenza uthedi okhethekileyo kaMarie abe mhle akhangeleke mtsha,” wacinga njalo.

UJosh wathatha isikere wazicheba zonke iinwele eziphezulu entloko kuThedi.



“Ndiqinisekile uMarie uza kothuka. Uza kucinga ukuba ufumene ibhere elitsha kraca,” wacinga njalo uJosh.

UJosh walinda ukubuya kukaMarie evela esikolweni. Wayengxamele ukuba abone okumlindeleyo engakulindelanga.

Kodwa ukufika kwakhe uMarie ekhaya abone uthedi wakhe wothuka waminxeka, akakwazi ukuphefumla kakuhle. “Kwenzeke ntoni kuThedi?” wakhwaza uJosh engxola. UJosh waphakamisa isikere, encumile.



“Bendikuthembile! Kutheni wonakalise uthedi wam umazi ukuba uyinto ekhethekileyo kum?” wakhala uMarie.

“Uxolo!” wakhwaza uJosh. “Bendicinga ukuba ndenza uthedi wakho omdala abe mtsha!”

Kodwa uMarie waphuma egumbini ebaleka ekhala.



UJosh washiyeka apho ehleli yedwa. “Bendicinga ukuba uMarie uya kuyithanda indlela entsha achetywe ngayo uThedi,” wacinga njalo uJosh ebhidekile.

UMarie wafika kumama wakhe. Waphakamisa uthedi wakhe okhethekileyo ukuze ambone. “Jonga into eyenziwe nguJosh. Umonakalisile uthedi wam endimxabisileyo, ngekhe alungiseke! Andimfuni mna lo thedi mbi ngolu hlobo!” wakhala watsho. Waliphosa phantsi emgangathweni ibhere lakhe.



Ethubeni umama wabiza uMarie.

“Ndilusizi yinto yokuba uJosh echebe uThedi obengadingi kuchetywa,” watsho umama. “Kodwa uThedi akonakelanga,” wacacisa.

Umama wambuyisela uThedi kuMarie enxibe umnqwazi omtsha obomvu. “Lo mnqwazi uyakufihla ukuchetywa kakubi kukaThedi,” watsho umama encumile. “Kwaye ukhangeleka enomfaneleko kakhulu.”



UJosh wangena egumbini ephethe ibhatyi eluhlaza.

“Le ndiyithathe kowam uthedi,” watsho uJosh.

“Ndicinga ukuba owakho uthedi uyidinga ngaphezu kowam.” Wanika umama ibhatyi eluhlaza waza wayinxibisa uThedi.



UMarie wayesakhathazekile, kodwa wamthatha wamfunqula uThedi. “Uxolo ngokuba ndithe umbi. Ndiyakuthanda nokuba ungakhangeleka unjani,” watsho. Wajikelisa iingalo zakhe zombini kuThedi wamgona.





Ufundo 1

Wenza ntoni uJosh ukonakalisa uthedi kaMarie?

Wacheba iinwele zikaThedi / Waphungula uThedi iinwele.

Wazama njani umama ukulungisa uThedi?

- Umama wamthwalisa umnqwazi obomvu wamnxibisa nebhatyi eluhlaza uThedi.
- Umama wamnxibisa uThedi waza wamgquma neenwele ezichetyiweyo.

Kwakutheni ukuze uJosh achebe iinwele zikaThedi?

- Kuba weva uMarie esithi ibhere lidala.
- Kuba wayefuna ukulenza likhangeleke lilitsha ibhere.
- Kuba wayefuna ukwenzela udade wabo into entle.



Ufundo 2

Wenza ntoni uJosh emva kokuba echebe iinwele zikaThedi?

Walinda ukubuya kukaMarie.

Waziva njani uMarie akubona iinwele ezichetyiweyo zikaThedi?

Wayelugcwabevu ngumsindo.

Kutheni uJosh waziva ebhidekile?

- Kuba wayecinga ukuba wenzela udade wabo into entle.
- Kuba wayecinga ukuba udade wabo ufuna ukuba uThedi akhangeleke mtsha.
- Kuba wayecinga ukuba uya kuba nemincili.
- Udade wabo akazange abe nemincili njengoko wayelindele – wasuka walugcwabevu.

IBALI 4

USANA

LWAKULOSIHLE

Umxholo: Iintsapho zethu



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liya kunceda abafundi baqonde ngcono ukuba sinakho ukukhathazeka nokuchwayita ngaxeshanye.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Abantu banganemvakalelo engaphezu kwenye ngexesha.
- Utshintsho lungakhathaza, lonwabise, okanye luchwayitise ngaxeshanye. Ukufika kosana olutsha phakathi kosapho lutshintsho olukhulu olunokuzisa iimvakalelo ezininzi ezahlukeyo.
- Ukuthetha ngezi mvakalelo kungasanceda sizive ngcono.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Thatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo

- Yintoni: Ukuqikelela izinto umbhali angazicacisanga ngokuthe ngqo, usebenzisa imikhondo esebalini.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqonda intsingiselo enzulu nemiyalezo efihliweyo.
- Inceda njani: Ikunceda uthathe izigqibo njengoko ufunda, uze uqonde ngcono ibali nabalinganiswa.




Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
43, 4	“Nabani na angadlala ngonopopi. Uya kuze wazi njani ukuba luthiwani usana ukuba awudlali ngonopopi?”	Ndizithathela isigqibo esisekelwe kulwazi olusebalini, umakhulu ucinga ukuba kubalulekile ukuba uSihle ayazi indlela yokuba luncedo xa kufika usana olutsha.
45, 1	Okulandelayo, umakhulu wabonisa uSihle indlela yokutshintsha ilweyile. Wayeze namalweyile awodwa alingana unopopi ukuze uSihle aziqhelise ngawo.	Ndizithathela isigqibo esisekelwe kulwazi olusebalini, umakhulu wazi okuninzi ngendlela yokunakekela usana. Ufundisa uSihle esebenzisa unopopi wakhe omtsha.

Kwakusele iveki kuphela ukuze udade boSihle
omncinane abe uyazalwa.



Kwakukho amaxesha uSihle azive ekhathazekile.
Wayengenabo oodade okanye abaninawa,
wayeyedwa kowabo. USihle wayenexhala lokuba
ingaba kuza kuba njani xa kukho usana olutsha.
Wayenexhala lokuba ingaba kuya kuba njani ukuba
nodade.



Kwaye ayekhona namaxesha uSihle awayeziva echwayitile ngawo. Wayeziva echwayite ngokukodwa kuba umakhulu wakhe wayeza kubandwendwela. Utata wakhe wamxelela ukuba umakhulu uza kuhlala iinyanga ezintathu zonke, enze njengoko wayenzile ukuzalwa kwakhe yena Sihle.

“Sisithethe esisodwa ukuba umakhulu ahlale de usana luwise inkaba,” utata kaSihle wacacisa.

“Ndikhumbula usuku owawisa ngalo wena, ingathi bekuyizolo.”



Bakudibana nomakhulu uSihle notata wakhe kwisikhululo sebhasi, uSihle waziva echwayite ngeyona ndlela. Wabaleka waya kumakhulu wakhe wamanga.

“Owu sana lwam Sihle, awuvuyi na uza kuba ngubhuti?” wabuza umakhulu.

“Andazi,” waphendula uSihle. “Andazi ukuba luthiwani na usana.”



Bakufika ekhaya, umakhulu wakhwaza uSihle.

“Ndinesipho esisodwa endikuphathele sona,” watsho. Wakhupha unopopi kwisingxobo sakhe seempahla wanika uSihle.

“Bendicinga ukuba oonopopi ngabamantombazana,” watsho uSihle.

“Luluvo lwexesha lakudala olo,” wahleka umakhulu.

“Nabani na angadlala ngonopopi. Uya kuze wazi njani ukuba luthiwani usana ukuba awudlali ngonopopi?”



Umakhulu waqala wambonisa uSihle ukuba lufunqulwa njani, luthuthuzelwe njani usana.

“Kufuneka uqiniseke ukuba uyibamba uyenyuse intloko yosana kuba iintamo zabo azomelelanga,” watsho umakhulu.



Okulandelayo, umakhulu wabonisa uSihle indlela yokutshintsha usana ilweyile. Wayeze namalweyile awodwa alingana unopopi ukuze uSihle aziqhelise ngawo.

“Kufuneka usebenze ngokukhawuleza nangocoselelo xa utshintsha ilweyile, kuba iintsana ziyashukuma ze zikhale,” watsho.



Wathi ke ngoku umakhulu wambonisa indlela yokusongela usana ngengubo. “Iintsana ziyakuthanda ukusongelwa ziqiniswe xa zincinci kakhulu,” watsho umakhulu.



Umakhulu noSihle baqhuba beziqhelisa.

“Uza kuba ngubhuti wokwenene,” wancuma umakhulu.

USihle wayesazi ukuba ngoku ufanele ukuziva echwayitile nangona wayesenayo indawana enexhala.

“Makhulu, ndakuthini ukuba umama uthanda usana ngaphezu kwam? Ndithini ukuba wena uthanda usana ngaphezu kwam?” wabuza njalo uSihle. Umakhulu wajikelisa ingalo yakhe ngaphaya koSihle wamgona.

“Sinothando olwanele nina nobabini. Ungaze uphinde uzikhathaze ngaloo nto.”



Emva koko, uSihle waziva echwayitile kuphela.





Ufundo 1

Ngubani oweza kundwendwela uSihle?

Umakhulu wakhe weza kundwendwela.

Ingaba umakhulu wamphathela esiphi isipho uSihle?

Weza nonopopi.

Kwakutheni ukuze umakhulu eze nonopopi?

- Kuba wayefuna ukuphathela uSihle isipho.
- Kuba onopopi ngabomntu wonke - hayi amantombazana kuphela.
- Kuba wayefuna ukubonisa uSihle ukuba lunakekelwa njani na usana olutsha.
- Kuba ukudlala ngonopopi kuphela kwendlela yokufunda ukunakekela usana.
- Kuba wayefuna ukuba uSihle aziqhelise ukunakekela usana olutsha.



Ufundo 2

Uza kuhlala ixesha elingakanani umakhulu?

Uza kuhlala iinyanga ezintathu.


Yintoni awambonisa indlela eyenziwa ngayo umakhulu wakhe?

Wambonisa indlela:

- Yokufunqula ze athuthuzele usana.
- Wambonisa indlela yokutshintsha ilweyile.
- Wambonisa ukusongela usana ngengubo.

Kutheni uSihle kwaba kukhona aziva onwabile ekupheleni kwebali kuphela?

- Kuba wayeziva ekhululekile ngokunakekela usana olutsha.
- Kuba ngoku wayesazi ukuba lunakekelwa njani usana olutsha.
- Kuba waziva eza kuba ngubhuti wokwenene.
- Kuba wayengenaxhala lokuba umama nomakhulu baza kuthanda usana olutsha ngaphezu kwakhe.



IBALI 5

INCWADI ENTSHA

KALUMKA

Umxholo: Siyafunda



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liya kubanceda abafundi baqonde ngcono imeko yokuphoxeka.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Incwadi ziyakwazi ukusithatha zisise apho singakwazi ukuya khona ngokwasebomini. ULumka ufumanisa oko kweli bali.
- ULumka ufunda ukuba nomonde nomoya omhle xa izinto zingahambi ngale ndlela ayilindeleyo.
- Incwadi yakhe entsha imnceda ngokumvula ingqondo nasekwenzeni izinto ezahlukileyo.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Thatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo

- Yintoni: Ukuqikelela izinto umbhali angazicacisanga ngokuthe ngqo, usebenzisa imikhondo esebalini.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqonda intsingiselo enzulu nemiyalezo efihliweyo.
- Inceda njani: Ikunceda uthathe izigqibo njengoko ufunda, uze uqonde ngcono ibali nabalinganiswa.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:


Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
56, 1	“Asiyonto ndiyithandayo le,” wacinga njalo uLumka. Wabaleka waphuma phandle waya kudlala. Waleqa amabhabhathane abhabha emoyeni.	Ndizithathela isigqibo esisekelwe kulwazi olusebalini, uLumka ayimchwayitisanga ncam incwadi yakhe ekuqaleni. Akayijongi nokuyijonga uphuma phandle ayokudlala.
62, 1	Ekugqibeleni wakhangela phantsi kwebhedi. “Yho!” watsho. “Bendicinga ukuba ndikulahlile!”	Ndizithathela isigqibo esisekwe kulwazi olusebalini, uLumka uyayithanda incwadi yakhe ngoku, kuba unexhala xa engayifumani.




Umakazi kaLumka wafika eze kubatyelela emva
kweholide. Wathi xa ehamba wakhupha ipasilana
emdaka ngombala wamnika.

“Ndiphantse ndalibala!” watsho. “Kukho into
ebendikuphathele yona.”

Wahambisa loo pasilana
ibotshwe ngeribhoni
eluhlaza.






ULumka wayibeka phezu
kwebhedi ipasilana yakhe.
Wayecinga ngeekhrayoni
azibone evenkileni kunye
nomama wakhe.

Wacinga ngephazili
kamzala wakhe uVeliswa.



Ekugqibeleni, wayivula
ipasilana. Phakathi
kwakukho incwadana
encinane.





“Asiyonto ndiyithandayo le,” wacinga njalo uLumka. Wabaleka waphuma phandle waya kudlala. Waleqa amabhabhathane abhabha emoyeni.

Waqwalasela inqwelomoya ibhabha phezulu wamangala ukuba kazi iya phi na.



Wakhangela amatye kumlanjana owomileyo.



Kusenjalo weva iqabaza phakathi kwamehlo. ULumka waphakamisa intloko wajonga phezulu. Isibhakabhaka sasimnyama nangwevu.

Wabaleka wangena phakathi endlwini. Yagalela ngamandla imvula yaqinisa.



ULumka waya egumbini lakhe. Wakhulula iimpahla zakhe ezimanzi waza wanxiba iimpahla zakhe ezifudumeleyo zokubaleka. Wahlala phezu kwebhedi wabukela imvula isina. Wamamela iindudumo.





Kusenjalo amehlo akhe ahlala kwincwadi ephezu
kwebhedi yakhe. Kwakukho umfanekiso wehlabathi
eluqweqweni. Wafunda isihloko wakhwaza,
“KwiHlabathi Jikelele”.



ULumka wavula kwiphepha lokuqala. Kwakukho
umfanekiso weephiramidi ezinkulu kunye neenkamela.
“Ndifuna ukuya phaya,” wacinga njalo. “IYiputha,”
wafunda.



ULumka watyhila kwiphepha elilandelayo. Wafunda
amagama athi, “INew York”. Wajonga imifanekiso.
Kwakukho izibane neemoto kwindawo yonke.
Wayengazange wakhe wazibona izakhiwo ezide ngolo
hlobo.




Kwiphepha elilandelayo wabona iNtaba iKhilimanjaro,
eyona ntaba iphakamileyo eAfrika.




ULumka wafunda wade wabiwa bubuthongo walala,
incwadi yayisezandleni zakhe.

Ngobo busuku, uLumka waphupha ebhabha
ngenqwelomoya enkulu.



Akuvuka uLumka, incwadi yayingasekho ezandleni zakhe. “Iphi incwadi yam?” wacinga. Wakhangela phantsi kweengubo. Nya incwadi. Wakhangela kwitafle eyayisecaleni kwebhedi yakhe. Ncwadi wawuphi? Ekugqibeleni wakhangela phantsi kwebhedi. “Yho!” watsho. “Bendicinga ukuba ndikulahlile!”





ULumka wabengezelisa izihlangu zakhe waza wapakisha ubhaka wakhe wesikolo. Wayifaka incwadi yakhe entsha kubhaka wakhe. Kodwa wabuya watshintsha ingqondo. “Ndifuna ukuyiphatha ngesandla incwadi yam ukuze ndiyibone,” wacinga njalo uLumka.

Yonke loo ndlela iya esikolweni uLumka wayephengulula amaphepha ezama ukuthatha isigqibo ngamakalibonise abahlobo bakhe kuqala.





Ufundo 1

Ngubani ophathele uLumka incwadi entsha?

Umakazi wakhe umphathele incwadi entsha.

Zeziphi iindawo ezibonwa nguLumka kwincwadi yakhe entsha?

Ubona iYiputha, iNew York, kunye neNtaba iKhilimanjaro.

Itshintsha njani imvakalelo kaLumka ngencwadi yakhe?

- Kuqala akayonwabeli kwaphela le ncwadi.
- Uthi akuyifunda le ncwadi ayithande! Uziva eyonwabela xa eyijonga.
- Ekupheleni kwebali uyithanda kakhulu incwadi yakhe kangangokuba ufuna ukuyiphatha aye nayo esikolweni.



Ufundo 2

Waphupha ngantoni uLumka?

Waphupha ngenqwelomoya efana nale isencwadini yakhe!

Ucinga ukuba waziva njani uLumka xa wayecinga ukuba uyilahlile incwadi yakhe?

Ndicinga ukuba uLumka waziva...

Ukwazi njani ukuzithathela isigqibo uthi uLumka uyayithanda incwadi yakhe ekugqibeleni?

- ULumka usoloko ephengulula amaphepha.
- ULumka ulala eyibambe ngesandla.
- ULumka uphupha ngencwadi. Akayeki ukucinga ngazo zonke izinto azibone encwadini yakhe entsha.
- ULumka unexhala akucinga ukuba uyilahlile incwadi yakhe.
- ULumka uthatha isigqibo sokuyiphatha xa esiya esikolweni. Akafuni kuyifaka ebhakeni.
- ULumka uyiphatha ngesandla ukuze akwazi ukubonisa abahlobo bakhe ngokulula zonke iindawo ezinomdla phakathi kuyo.
- ULumka ucinga ngencwadi yakhe yonke indlela eya esikolweni.

IBALI 6

UVELILE UFUNDA UKUFUNDA

Umxholo: Siyafunda



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liya kunceda abafundi baqonde ngcono ukuba ukufunda ukufunda kunzima kwabanye abantwana. Ukuba batsala nzima, ababodwa. Xa bebona abanye betsala nzima, mababe novelwano.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- KwiBanga 1, sifunda indlela yokufunda ngokufunda izandi sizihlanganise sakhe amagama.
- Ukufunda ukufunda kuthatha ixesha, kwaye kunganobunzima kwabanye abantwana.
- Ngamanye amaxesha abantwana baba neentloni bazive behlazekile xa besafunda ukufunda elixa abanye sebefunda kakuhle.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Buza imibuzo / Zibuze

- Yintoni: Ukucinga ngebali ukwabuza imibuzo ngebali elixa ufundayo.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukusoloko sinomdla nokufumanisa ngakumbi njengoko ufunda.
- Inceda njani: Ikugcina ubandakanyekile kwaye ikunceda uqonde ngcono ibali. Ikwakunceda uqikelele okuza kwenzeka ebalini.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
68, 1	UVelile wenza ngathi kufuneka ekhawuleze waya kwindlu yangasese, waza wabaleka waphuma phandle.	Ndiyazibuza ukuba kutheni uVelile ebaleke waphuma eklasini? Ndinga ukuba kungenxa yokuba akakwazi ukufunda izandi, kwaye akafuni kwaziwa ngabanye.
70, 1	“Ndakuthini ukuba, ndakuthini ukuba, ndakuthini ukuba...?”	Ndiyazibuza kutheni uMnu. Bhadela efuna ukuthetha noVelile? Kuya kufuneka ndiqhube ndifunde ukuze ndazi.

Ukuqala kwakhe ukufunda, uVelile wayesithanda kakhulu isikolo. Wayemthanda utitshala wakhe uMnu. Bhadela. Wayemthanda uXolile noBongani. Wayekuthanda ukuphulaphula amabali.

Kodwa mva nje uVelile wayengasithandi ncam isikolo. Wayesamthanda uMnu. Bhadela. Wayesamthanda uXolile noBongani. Wayesakuthanda ukuphulaphula amabali. Kodwa uVelile wayehlala enoloyiko imini yonke kuba wayengakwazi ukufunda. Ekuqaleni kwakungekho namnye umntwana owayezazi izandi zoonobumba kwaye babembalwa abakwazi ukufunda amagama abo. Kodwa ngoku uVelile wayezibona ngathi nguye yedwa ongalandeliyo. “Ndiya kuthini ukuba andinakuze ndikwazi ukufunda?” wayezikhathaza acinge njalo. “Ndakuthini ukuba kukho isikhwasilima kum? Ndakuthini ukuba, ndakuthini ukuba, ndakuthini ukuba...?”




UMnu. Bhadela wabiza uVelile ukuba afunde izandi zoonobumba. UVelile wayengumntwana okuthandayo ukubizwa, kodwa hayi ngeli ityeli. Wayengazazi izandi zoonobumba. UVelile wenza ngathi kufuneka ekhawuleze waya kwindlu yangasese, waza wabaleka waphuma phandle.



Kwiveki elandelayo, uMnu. Bhadela wambizela ngaphambili eklasini uVelile aze kufunda igama elixhonyiweyo losuku. Ngokwesiqhelo uVelile wayekuthanda ukuya ngaphambili eklasini, kodwa hayi ngale mini. Wayengalazi igama elixhonyiweyo losuku. UVelile wazenza onesisu esibuhlungu, waqubuda edesikeni ezama ukuba abonakale njengomntu ogulayo.



Emva kweveki, uMnu. Bhadela wacela uVelile aze kuthetha naye ngexesha lekhefu. UVelile walibazisa ukutya isidlo sakhe awayesiphethe. Zazibaleka iingcinga zakhe. Ndakuthini ukuba uMnu. Bhadela uyandingxolisa? Ndakuthini ukuba unokuthi ndisisidenge? Ndakuthini ukuba, ndakuthini ukuba, ndakuthini ukuba...?”



Ekugqibeleni uVelile waya kuhlala phantsi etafileni kaMnu. Bhadela wajingisa intloko.

“Yintoni ingxaki?” wabuza uMnu. Bhadela evakala echwayitile.

UVelile waphakamisa intloko othukile. UMnu. Bhadela wayengakhangeleki enomsindo – wayencumile.

“Ndiqaphele ukuba unzingelwe zizandi zoonobumba nokufunda amagama axhonyiweyo. Akuyongxaki oko – sonke sifunda ngokwahlukileyo,” watsho ngelizwi elithambileyo uMnu. Bhadela.

“Kodwa ... ndim ndedwa! Ndakuthini ukuba kuthe kanti andikwazi kufunda konke konke?” waphendula njalo uVelile.

“Hayi, hayi asinguwe wedwa. Bakhona nabanye abafundi abaziva kanye ngolu hlobo uziva ngalo. Siza kuba neqela elilodwa kunye. Ngolo hlobo ndingakunceda ufunde izandi namagama axhonyiweyo.”



Ngosuku olulandelayo, ukuphuma kwesikolo, uVelile washiyeka ehleli esitulweni sakhe ukuphuma kwabanye abafundi begoduka. Wathi akubhekabheka waqaphela ukuba uMbulelo kunye noMongezi nabo basahleli ezitulweni zabo. Wabajonga wancuma.



UMnu. Bhadela wababiza beze emethini ngaphambili. Wababonisa izandi zoonobomba zazithathu: u/m//p /no/a/. baziqhelisa ukufunda ezi zandi amatyeli ambalwa. Emva koko wazibeka phantsi emethini izandi. “Velile, ungazisebenzisa ezi zandi wakhe igama u-‘ma’?” wabuza.



UVelile wazazi ezi zandi. Waqala wathatha isandi u - 'm' waza wasifunda esi sandi /m/. Emva koko wathatha isandi u - 'a' wasifunda naso. Wabeka u - 'a' ecaleni ko-'m', emva koko wafunda wabiza igama: /m/ /a/ - ma.

“Uyakwazi ukufunda!” wakhwaza uMnu. Bhadela ngochulumanco.



Ekupheleni kwesifundo, uMbulelo, uMongezi noVelile babaleka kunye ukuya ebaleni lokudlala. Badlala yade inqununu yaphuma eofisini yeza kubaxelela ukuba bagoduke phambi kokuba kurhatyele.



Endleleni egodukayo, uVelile wayonwabe ngendlela engathethekiyo. “Ndakuthini ukuba kuthe kanti ndiza kuba ngoyena mfundi ufunda kakuhle eklasini? Ndakuthini ukuba kuthe kanti ndiza kuba nabahlobo abatsha? Ndakuthini ukuba kuthe kanti, ndakuthini ukuba kuthe kanti, ndakuthini ukuba kuthe kanti...”





Ufundo 1

Wadibana nabo nini uMnu. Bhadela ooVelile kunye nabanye abafundi ababedinga uncedo oluthe chatha?

Wadibana nabo ukuphuma kwesikolo.

Ngoobani abanye abafundi ababedinga uncedo ekufundeni?

UMbulelo noMongezi nabo babedinga uncedo ekufundeni.

Kwakutheni ukuze uVelile angasithandi isikolo?

- Kuba wayengakwazi ukufunda.
- Kuba wayesoyika imini yonke esikolweni kuba engakwazi ukufunda njengabanye abantwana.
- Kuba wayenexhala lokuba akasoze akwazi ukufunda.
- Kuba wayenexhala lokuba hleze kuthi kanti kukho isikhwasilima ngaye.
- Kuba wayecinga ukuba uMnu. Bhadela angamngxolisa xa efumanisa ukuba akakwazi ukufunda.
- Kuba wayecinga ukuba yayikuphela kwakhe umfundi ongakwazi kufunda eklasini yakhe.



Ufundo 2

UVelile wacinga ukuba uMnu. Bhadela uza kuziva njani xa efumanisa ukuba yena Velile akakwazi ukufunda?

Wacinga ukuba uMnu. Bhadela uza kuba nomsindo.

Ucinga ukuba uza kuziva njani uVelile ngesikolo ngoku?

Ndicinga ukuba uza kuziva... kuba...

Ucinga ukuba kutheni uMnu. Bhadela efuna ukubona uVelile ukuphuma kwesikolo?

- Kuba ufuna ukumnika uncedo oluthe chatha.
- Kuba uyabona ukuba uVelile uneentloni. Wayengafuni ukuba bonke abanye abafundi baqonde ukuba uVelile (noMbulelo noMongezi) batsala nzima ukufunda.
- Wayefuna ukunika abafundi abatsala nzima isihoyo esipheleleyo.
- Wayefuna ukuba uVelile, uMbulelo noMongezi babone ukuba nabo bafunda kakuhle.



IBALI 7

IBHITRUTHI ENKULU

Umxholo: Sibalisa amabali



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eLimpopo, eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liya kunceda abafundi bakho bakonwabele ukufunda amabali.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Umfama uBaloyi usebenzisa bonke abantu nezilwanyana ezikwifama yakhe ukuba bamncedise avune ibhitruthi.
- Kulungile ukucela uncedo. Ukusebenza niliqela kusinceda ekwenzeni izinto ezinkulu esingakwaziyo ukuzenza sisodwa.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Yiba nomfanekiso-ngqondweni

- Yintoni: Ukuba nomfanekiso-ngqondweni wento eyenzekayo ebalini.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukwenza ibali livakale linobunyani kwaye linika umdla.
- Inceda njani: Ikunceda uqonde indlela ababonakala ngayo abalinganiswa neendawo kwaye kwenza ibali licace.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
83, 1	Umfama uBaloyi watsala watsala wabuya watsala. Kodwa ibhitruthi enkulu ayizange ivume ukuphuma!	Ndinomfanekiso-ngqondweni womfama uBaloyi etsala atsale. Ndiyambona esineka. Uqalisa ukubila!
86, 1	Umfama uBaloyi noMama Rhandu noNsovo kunye nenja bazama ukutsala ibhitruthi enkulu. Batsala batsala batsala batsala. Kodwa ibhitruthi enkulu yala ukuncothuka!	Ndinomfanekiso-ngqondweni wenja igramama kukudikwa njengoko itsala itsale!

UBaloyi ongumfama wayehlala kwifama entla
kwaVenda kunye nenkosikazi yakhe uMama Rhandu.
Lo mfama wayonwabile kuba umhlaba kwifama yakhe
wawutyebile, kwaye ngalo nyaka invula yayintle.
Umfama uBaloyi noMama Rhandu babechwayitile
sisivuno.



Ngenye imini, lathi lakulunga ixesha, umfama uBaloyi waya esitiyeni sakhe semifuno. “Lifikile ixesha,” watsho umfama uBaloyi. “Ndiza kuvuna imifuno yam.”

Umfama uBaloyi watsala itswele. Wakhupha iitapile. Watsala iminqathe. Watsala iibhitruthi. Kodwa enye yazo ayizange ivume ukuphuma, yayinkulu ngeyona ndlela. Yayisisigebenga sebhitruthi!



Umfama uBaloyi watsala watsala wabuya watsala.
Kodwa ibhitruthi enkulu ayizange ivume ukuphuma!

“Ndidinga uncedo,” watsho umfama wakhwaza
inkosikazi yakhe, uMama Rhandu.



Umfama uBaloyi noMama Rhandu bancedisana ukutsala le bhitruthi inkulu. Batsala batsala batsala batsala. Kodwa le bhitruthi inkulu yala ukuncothuka!

“Sidinga uncedo,” watsho uMama Rhadu. Wabiza uNsovo, unyana wakhe.



Umfama uBaloyi noMama Rhandu kunye noNsovo
bazama ukutsala le bhitruthi inkulu. Batsala batsala
batsala batsala. Kodwa ibhitruthi yala ukuncothuka!

“Sidinga uncedo,” watsho uNsovo wakhwazainja
yakhe.



Umfama uBaloyi noMama Rhandu noNsovo kunye nenja bazama ukutsala ibhitruthi enkulu. Batsala batsala batsala batsala. Kodwa ibhitruthi enkulu yala ukuncothuka!

“Sidinga uncedo,” yatshoinja. Yakhwaza ikati.



Umfama uBaloyi noMama Rhandu kunye noNsovo
nenja nekati bazama ukutsala le bhitruthi inkulu.
Batsala batsala batsala batsala. Kodwa ibhitruthi
enkulu yala ukuncothuka!

“Sidinga uncedo,” yatsho ikati. Yakhwaza impuku.



Umfama uBaloyi noMama Rhandu kunye noNsovo
nenja nekati kunye nempuku bazama ukutsala
ibhitruthi enkulu.

Batsala batsala batsala batsala baphinda B-A-T-S-A-
A-A-A-L-A...



Toncu! Sancothuka saphumela ngaphandle isigebenga sebhitruthi!

“Ndikwazile!” yakhwaza yatsho impuku.

“Ndisincothulele ngaphandle isigebenga sebhitruthi!”



Ngobo busuku wonke umntu efama waba nesidlo
esikhulu semifuno. Bathi njengoko besitya babe
behlekisa ngesigebenga sebhitruthi nempuku
enamamda!





Ufundo 1

Yintoni ebambelele emhlabeni ingafuni kuphuma?

Sisigebenga sebhitruthi.

Ngoobani abancedisa ukuncothula le bhitruthi?

Ngumfama uBaloyi, uMama Rhandu, uNsovo,inja, ikati kunye nempuku.

Yiba nomfanekiso-ngqondweni wabo bonke abalinganiswa beli bali betsala betsala. Ucinga ukuba yimpuku ngenene eyancothula ibhitruthi emhlabeni?

Ngoba okanye hayi ngoba?

- Ndicinga ukuba yimpukwana encinane kuba bonke abanye batsale batsala kodwa ithe yakufika impuku yanceda.

OKANYE

- Andiqondi ukuba yimpuku yodwa kuba wonke umntu ubencedisa. Ibingumntu wonke obetsala owenze ibhitruthi iphume ekugqibeleni.



Ufundo 2

Yintoni eyayisenza umfama uBaloyi onwabe?

Kuba umhlaba wefama yakhe wawutyebile, nemvula intle.

Ucinga ukuba baziva njani abalinganiswa yakuncothuka ibhitruthi?

Ndicinga ukuba baziva...

Kutheni ingumfanekiso-ngqondweni ohlekisayo ukuba impuku encinanana ingatsala isigebenga sebhitruthi?

- Kuba umfama onamandla woyisakala
- Kuba umfama nonkosikazi wakhe boyisakala
- Kuba umfama uBaloyi, uMama Rhandu, uNsovo,inja kunye nekati boyiswa kukutsala ibhitruthi! Impukwanana iyitsala njani yona?
- Kuba esi sigebenga sebhitruthi sikhulu kunempukwanana.



IBALI 8

KUTHENI ILLAMA IHLALA PHEZULU

Umxholo: Sibalisa amabali



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Melika.
- Lenzeka kule mihla nakwixesha eladlulayo.
- Eli bali liya kunceda abafundi bafunde ngakumbi ngokuba yintoni umnqa wendalo nokuba baqonde ukuba kutheni kubaliswa iminqa yendalo.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Kwezinye iindawo zaseMzantsi Melika, iwulu yellama isetyenziselwa ukwenza iimpahla ezifudumeleyo, njengeminqwazi neejezi.
- Kweli bali, umakhulu kaGenoveva ubalisa owakhe umnqa wendalo — ibali elisekelwe kudaladala ngeellama zakudala.
- Iminqa yendalo ibaliselwa ukufundisa izifundo okanye ukucacisa izinto ngehlabathi.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Qwalasela ukuqonda

- Yintoni: Ukujonga indlela oqonda ngayo njengoko ufunda, unqumama xa kukho nto ongayiqondiyo.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqaphela xa ungaqondi, ulungise.
- Inceda njani: Ikugcina uxakekile kwaye iphuhlisa ukuqiqa nokuqonda ngokuthi ilungise oko ungakuqondiyo ngoko nangoko.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
101, 1	Isilumko somalusi saya kwenye illama sabuza, “Kutheni nineentsuku ningasatyi nje?” “Oothixo bathe kuza izikhukula ezoyikekayo zize kohlwaya abo banyolukileyo nabakhohlakeleyo kwiintlambo ezisemazantsi. Silindele imiyalelo yokugcina abo banesisa nabalungileyo bomhlaba okwiindawo eziphakamileyo bekhuselekile,” yaphendula illama.	Kufuneka ndicinge ngale nto. Ingaba ndiyayiqonda indlela illama enceda ngayo? Ewe, ilumkisa ngesikhukula. Ndiziva ndikulungele ukuqhuba ndifunde.

UGenoveva wahlala phantsi emgangathweni ethabathekile engashukumi njengoko umakhulu wakhe wayejija uboya esenza iwulu. “Ukwenza njani oku?” wabuza emangalisekile.

“Ookhokho bookhokho basebenzisa iingutyana zellama ukubafudumeza amakhulukhulu eminyaka. Umakhulu wam wandifundisa ukujija ndiyintombazanana encinane,” waphendula njalo umakhulu wakhe, “kwaye kungekudala ndiza kufundisa wena.”

“Yhini! Nceda undibalisele ibali ngeellama zakudala,” wacenga uGenoveva.

“Kwakhona?” wahleka umakhulu wathinta isikhohlela.



Kudaladala, kwakukho ixesha apho abanye bookhokho bethu bathi balibala ngezithixo. Balibala ukubulela kuInti noMama Quila, uthixo welanga nesithixokazi senyanga ezazibanika imini nobusuku. Balibala ukubonakalisa umbulelo kuPachamama, umhlaba ongumzalikazi owayebanika isivuno esininzi ngokwaneleyo. Ngeli xesha lalilibi abantu bazala kukunyoluka nenkohlakalo omnye komnye.



Indawo ekwakukuphela kwayo kwilizwe liphela apho abantu babezikhumbula izithixo kwakukwiincochoyi zeentaba iAndes. Apha abantu babehlala bezele umbulelo, bevule isandla kwaye benobuntu.



Ngenye imini abantu ababehlala kummandla ophakamileyo baqaphela ukuba iillama zabo zaziziphethe ngendlela engaqhelekanga. Endaweni yokutya utyani njengesiqhelo, zonke iillama zazichitha imini nobusuku ziqwalasele esibhakabhakeni. Iillama zazingatyi. Zazingaseli nokusela. Oku kwaqhuba iintsuku ezininzi.



Abantu beencochoyi bakhathazeka ngesimo sempilo yeellama zabo ababezixabise kunene. Baqokelelana beza kuxoxa ngento eyayinokwenziwa.

“Kwenzeka ntoni kwiillama zethu?” yabuza enye indoda ikhathazekile.

“Ndinexhala lokuba ziza kufa yindlala,” yatsho enye.

“Siza kuzigcina njani sifudumele ngaphandle koboya obuvela kwiillama zethu esizixabisileyo?” labuza ixhegokazi.

“Siza kuyithwala njani ikhwinowa ukusuka emasimini ngaphandle koncedo lweellama zethu esizixabisileyo?” wabuza unyana walo.

Abantu babekhathazekile kwaye becinga, belangazelela ukuba iilama zabo zibuyele kwimo yazo.



Ekugqibeleni umalusi osisilumko waphakama.
Waphakamisa isandla sakhe ethulisa loo nginginya
yabantu. “Masizibuze iillama ukuba konakele phi,”
watsho.

Abantu bagigitheka. Akukho namnye owakhe wacinga
ngeso sisombululo sasilula olo hlobo.



Isilumko somalusi saya kwenye illama sabuza,
“Kutheni nineentsuku ningasatyi nje?”

“Oothixo bathe kuza izikhukula ezoyikekayo zize
kohlwaya abo banyolukileyo nabakhohlakeleyo
kwiintlambo ezisemazantsi. Silindele imiyalelo
yokugcina abo banesisa nabalungileyo bomhlaba
okwiindawo eziphakamileyo bekhuselekile,”
yaphendula illama.



Ngentsasa elandelayo isilumko somalusi savakalisa iindaba ezivela kwiillama. Sahlanganisa abantu bemimandla ephakamileyo kunye saza sathi, “Kuza izikhukula ezibi. Ukuze sikhuseleke kufuneka siye kowona mqolomba uphezulu, kweyona ncochoyi yentaba. Kufuneka silinde apho de zidlule izikhukula.”



Baza bonke abantu abalungileyo bemimandla
ephakamileyo, nazo zonke iillama, benyukela kowona
mqolomba usencochoyini. Bafika kanye ngexesha.
Ngentsasa elandelayo, umsinga omkhulu wafika
wabatshayela bonke abantu abangalunganga.

Kude kube nanamhlanje, iillama ziyazikhumbula ezo
zikhukula zibi. Yiyo loo nto iilama zikhetha ukuhlala
phezulu ezintabeni.



Umakhulu wamphakamisa uGenoveva wamsusa phantsi waya kumbeka ebhedini.





Ufundo 1

Liqhubeka phi eli bali?

Eli bali liqhubeka ePeru, okanye eBolivia, apho iillama zivela khona.

Zinto zini ezenziwa ziillama ukunceda abantu?

- Zibanika uboya obubagcina befudumele.
- Zithwala imigodlo enzima.

Kutheni abantu kweli bali bekhathazekile xa iillama ziziphethe ngendlela engaqondakaliyo?

- Kuba abantu bayazithanda iillama zabo kwaye abafuni zehlelwe yinto embi.
- Kuba iillama zenza izinto ezininzi ezibalulekileyo ekuhlaleni, ngoko ke abantu bayazidinga.
- Kuba abantu bakhathazekile yindlela obuya kuba yiyo ubomi babo ngaphandle kweellama.
- Kuba abazi ukuba baya kuhlala njani befudumele ngaphandle kweellama.
- Kuba abantu abayazi indlela abaya kusithutha ngayo isivuno ukusuka emasimini ngaphandle kweellama.



Ufundo 2

Ngokwale ntsomi, kutheni iillama zikhetha ukuhlala phezulu?

- Kuba zikhumbula izikhukula ezafika zathatha bonke abantu abakhohlakeleyo.


Uyithandile le ntsomi? Ngoba okanye hayi ngoba?

Ndiyithandile / andiyithandanga kuba


Kutheni umakhulu kaGenoveva embalisela eli bali?

- Kuba uGenoveva wamcela ukuba ambalisele ibali.
- Ukufundisa uGenoveva ngenkcubekho /ngookhokho bakhe.
- Ukufundisa uGenoveva ngokubaluleka kweellama.





IKOTA 2



IMEPHU YOMZANTSI AFRIKA



Ilinge
likaLimani



UMntla Koloni



UZweli uziva
ekhathazekile



INTshona Koloni

ULwandlekazi
lweAtlantiki



ILimpopo



Makanganikwa
tshipsi uLomusa



UDan ube
neveki embi

**UMntla
Ntshona**

IGauteng

IMpumalanga

IFreyistata

**IKwaZulu-
Natal**



UWayde
wenza ikhari



**ULwandlekazi
IweIndiya**

IMpuma Koloni



Inqaba
yesanti
kaMbuso

IMEPHU YEHLABATHI





IAsia



IYurophu



IAfrika



ULwandlekazi
IwePasifiki



IAustralia

ULwandlekazi
IweIndiya



IAntarctica

IKOTA 2 AMABALI



1. UWayde wenza ikhari

113



2. Makanganikwa tshipshi uLomusa

127



3. Inqaba yesanti kaMbuso

143



4. Inkomo neMusi

157



5. UDan ube neveki embi

169



6. UZweli uziva ekhathazekile

185



7. Isigonyo sokuqala

199



8. Ilinge likaLimani

209

IBALI 1

UWAYDE WENZA IKHARI

Umxholo: Ukutya esikutyayo



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liza kunceda abafundi baqonde ukuba izithako ziyakwazi ukutshintsha incasa nembonakalo xa ziphekiwe. Singazitshintsha iingqondo zethu ngokutya esikuthandayo nesingakuthandiyo ukuba sinengqondo evulekileyo.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Ikhari sisidlo esenziwe ngezinongo, inkukhu okanye imifuno, amaxesha amaninzi kunye nobisi lwekhokhonathi.
- Iitumato ezikrwada zahlukile ngenkangeleko nencasa kwitumato eziphekiweyo.
- Xa iitumato zixutywe kwikhari, awukwazi ukubona itumato nganye - zikhangeleka njengomhluzi.
- Ngamanye amaxesha sithatha isigqibo sokuba asiyithandi into ethile phambi kokuba siyive. Emva koko, xa sithe sayilinga, sinokuyitshintsha ingqondo - ukuba siyivulile ingqondo.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Buza imibuzo / zibuze

- Yintoni: Kukucinga ngebali ukwabuza imibuzo ngebali elixa ufundayo.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukusoloko sinomdla nokufumanisa ngakumbi njengoko ufunda.
- Inceda njani: Ikugcina ubandakanyekile kwaye ikunceda uqonde ngcono ibali. Ikwakunceda uqikelele okuza kwenzeka ebalini.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
123, 2	“Yiyo loo nto bendingazi - azifani neetumato xa zikwikhari!” wacinga njalo.	Ndiyacinga ingaba uWayde uza kutya ikhari ngoku aziyo ukuba kukho itumato kuyo?
125, 1	Sasincamise ngencasa. “Mhlawumbi andizicaphukeli iitumato,” uWayde watsho, njengoko wayesikha eza kuluma kwakhona.	Ndiyacinga ingaba uWayde uza kuyitshintsha na ingqondo ngokutya iitumato ngoku aziyo ukuba zisisithako kwikhari - ukutya akuthandayo!

UWayde wayengakuthandi ukutya iitumato.
“Andisoze ndizitye iitumato!” wacacisela umama
wakhe xa wayethatha itoti yeetumato eshelfini
eyibeka kwinqwelo yezinto ezithengwayo.



“Ungathanda ukundincedisa ndenze ikhari?” umama kaWayde wabuza njengoko wayepakisha igrosari.

“Ewe nakanjani! Ndiyayithanda ikhari!” waphendula njalo uWayde. Wayeqala ukuncedisa umama wakhe xa esenza isidlo sekhari.



“Kuqala, kufuneka sitshise epanini zonke iinkozo zembewu ezomileyo,” umama kaWayde wacacisa. “Izinongo zokutya zizo ezenza isidlo sethu sekhari sincamise ngencasa! Bala zibe ntlanu kwezi khadamom pod,” wayalela njalo umama kaWayde.

UWayde wakhupha iikhadamom pod zantlanu kwinto ezigcinayo waza wazibeka ekhawuntarini. Umama wakhe wazicola waza wazifaka epanini eshushu, kunye nekhoriyanda kunye neembewu zekhumini. Ivumba elimnandi lazalisa ikhitshi.



Umama kaWayde wabeka iimbewu ezigcadiweyo kwisityana esincinane sokucola waza wayeka uWayde wasebenzisa isicoli wazicola izinongo zangumgubo.



Okulandelayo, umama kaWayde wagalela ioli kwipani yokuqhotsa. Yathi yakubila ibe namaqamza wagalela amaqathana enyama yenkukhu.

“Ungandigreyithela igaqana lejinja?” wabuza umama wakhe egqithisa igreyitha kunye negaqana lejinja .



UWayde wagreyitha ngelixa umama wakhe wayenqunqa igalikhi kunye netswele.

Kungekudala, inkukhu yayisele iphekekile. Ufele lwalubonakala lukrwamkrwam.

Isisu sikaWayde saxuxuzela. Umama kaWayde wabeka amaqatha epleyitini. “Siza kuwabuyisela kwikhari kwakhona xa sigqibezela,” wacacisa.



Okulandelayo, umama
kaWayde wagalela itswele
negalikhi epanini eshushu.
Wayeka uWayde wasebenzisa
iphini, wazamisa.



Emva kwemizuzu embalwa wagalela izinongo, ijinja
wathi yiba amanzi epanini. Igumbi lalinuka kamnandi
ngakumbi. UWayde wavuzelwa zizinkcwe.



Umama kaWayde wayisusa ipani esitovini waza wawrwelela umxube wezinongo kwiblenda. Waza wayeka uWayde wacofa iqhosha kwiblenda de kwakho umxube onqumbululu phakathi.

Umama kaWayde wabuyisela inyama yenkukhu epanini. Waza wagalela umxube ovela kwiblenda. “Ndilambe ngeyona ndlela!” uWayde watsho, emunca imilebe yakhe. “Ingathi andisasityi isidlo sethu sekhari esincamise ngencasa!”



Okulandelayo umama kaWayde wavula itoti yeetumato.

“Yeyokwenza ntoni ke ngoku leyo?” wabuza uWayde. “Ndiyazicaphukela iitumato! Asinako ukugalela iitumato kule khari!” wahlasimla uWayde.

Umama kaWayde wagigitheka. “Wayde, oko wasithanda isidlo sekhari – kwaye oko sagalelwa iitumato,” watsho umama wakhe. UWayde wabukela emangalisekile ngelixa umama wakhe egalela iitumato epanini.



Okokugqibela, umama kaWayde wavula itoti yobisi lwekhokhonathi. “Ingaba ungathanda ukugalela oku?” wabuza. UWayde walugalela ngobunono ubisi lwekhokhonathi. Wabukela njengoko ulwelo olumhlophe lobisi lugquma iitumato.



“Yiyo loo nto bendingazi - azifani neetumato xa zikwikhari!” wacinga njalo.

Umama kaWayde wavala ipani ngesiciko waza wathoba ubushushu besitovu. “Kufuneka sindyondye okwethutyana. Ndiza kubiza xa silungile isidlo,” watsho.

Njengoko uWayde wayesenza umsebenzi wakhe wasekhaya, isisu sakhe saxuxuzela umlomo uvuza izinkcwe. “Kodwa isidlo sekhari sineetumato! Ndiza kusitya njani? Ndiyazicaphukela iitumato!” iingcinga zikaWayde zazibethabethana.



“Wayde, yiza kungcamla esi sidlo sekhari!” wabizwa ngumama wakhe ekugqibeleni, embambele isitya esingobongqo. UWayde wasingcamla ethandabuza. Kodwa sathi isidlo sekhari sakuhlangana nolwimi lwakhe abengezela amehlo akhe. Sasincamise ngencasa. “Mhlawumbi andizicaphukeli iitumato,” uWayde watsho, njengoko wayesikha eza kuluma kwakhona.





Ufundo 1

Kokuphi ukutya ebekucaphukela uWayde ekuqaleni kwebali?

UWayde wathi uyazicaphukela iitumato.

Ugalele esiphi isthako epanini uWayde emva kweetumato?

Ugalele ubisi lwekhokhonathi epanini.

Utshintshe njani uWayde ebalini?

- Wayecinga ukuba uyazicaphukela iitumato waza ekugqibeleni wafumanisa ukuba zazingekho mbi ngolo hlobo.
- Wathi akangeze azitye iitumato, waza watya isidlo sekhari esineetumato.
- Wayengazi kusitya isidlo sekhari, kodwa wathatha isigqibo sokuba asitye.
- Watshintsha ingqondo ngeetumato.



Ufundo 2

Watshintsha ingqondo yakhe ngantoni uWayde?

Watshintsha ingqondo ngokutya iitumato.

Kunini apho watshintsha khona ingqondo ngento, kanye njengoWayde?

Ndatshintsha iingqondo nge...

Ucinga ukuba kwakutheni ukuze umama kaWayde amcele ukuba amncedise ukwenza isidlo sekhari?

- Mhlawumbi wayefuna uncedo xa epheka.
- Mhlawumbi wayefuna ukuba uWayde azazi izithako ezigalelwa kwisidlo sekhari.
- Mhlawumbi kungenxa yokuba uWayde ethanda ukutya isidlo sekhari, ngoko wayefuna ukuba asazi ukuba senziwa njani.
- Mhlawumbi wayecinga ukuba uWayde uya kutshintsha ingqondo ngeetumato ukuba uyazazi ziyagalelwa kwisidlo sekhari asithandayo.
- Mhlawumbi wayecinga ukuba kungayinto ehlekisayo xa uWayde ebona ukuba iitumato zisisithako kwesinye sezidlo azithanda kunene – noxa ekucaphukela ukuzitya!

IBALI 2

MAKANGANIKWA

TSHIPSI ULOMUSA

Umxholo: Ukutya esikutyayo



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liza kunceda abafundi bafunde ngakumbi ngokutya okusempilweni nokungekho mpilweni.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Okunye ukutya kunencasa emnandi kodwa akuyiniki imizimba yethu oko kuyidingayo ukuze yomelele.
- Umzekelo, iitshipsi ngamashwamshwam akukutya okungekho kwisimo sentsusa. Zenzelwe ukuba nencasa encamisayo. Zinetyuwa namafutha angaphaya. Azisincedi sihlale sihluthi ixesha elide.
- Okunye ukutya, okunjengamaqanda, intlanzi kunye namandongomane, kunento ebizwa ngokuba yiproteni kuko. Iproteni sisondlo esikokunye ukutya esinceda ukwakha izihlunu zize zisigcine sihluthi ixesha elide.
- Kufuneka sicinge ngokutya esikutyayo ukuze imizimba yethu ifumane izondlo eziyidingayo ukuhlala isempilweni yomelele.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Yiba nomfanekiso-ngqondweni

- Yintoni: Kukuba nomfanekiso-ngqondweni wento eyenzekayo ebalini.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukwenza ibali livakale linobunyani kwaye linika umdla.
- Inceda njani: Ikunceda uqonde indlela ababonakala ngayo abalinganiswa neendawo kwaye kwenza ibali licace.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
130, 1	“Umnikela ntoni ezo zinto?” watsho udadobawo uSophia.	Ndiyakwazi ukuzenzela umfanekiso-ngqondweni kadadobawo uSophia ebonakala othukile xa utata kaLomusa emnika ipakethi yeetshipsi!
132, 2	Kanye ngelo xesha, amantombazana amabini eBanga 4 adlula ehleka ebambe iimpumlo zawo. “Unuka kakubi!” yakhwaza enye intombazana. ULomusa wakhawuleza wayibuyisela ebhegini yakhe intlanzi.	Ndiyakwazi ukuzenzela umfanekiso-ngqondweni kaLomusa ezama ukukhawuleza afihle intlanzi yakhe! Ufanele ukuba uziva ephoxekile.

ULomusa wangena ekhitshini, elungele ukuya esikolweni. Utata wakhe wayehleli etafileni nodade wabo, owayelundwendwe oluvela eMaputo. Utata kaLomusa wajonga iwotshi yodonga. “Lixesha lokuba uhambe!” watsho. Wavula ikhabhathi ekhitshini wakhuphela uLomusa ipakethi yetshipsi enombala weorenji ukuze ashwamze esikolweni.



“Umnikela ntoni ezo zinto?” watsho udadobawo uSophia. “Uyayazi ukuba azinasondlo kwaye aziyilungelanga nempilo!” utata kaLomusa wajonga kudade wabo, emangalisiwe.

“Kodwa bonke abantwana bayazitya!” watsho.

“Hayi Luis! Kufuneka uLomusa umnike iproteni ibe yinto yokushwamza! Iya kumnceda abe nomgqalasela ongcono eklasini. Kwaye iya kumgcina engalambanga ixesha elide!”

“Ndiyakuva, kodwa asinawo amashwamshwam anjalo thina apha!” waphendula njalo utata kaLomusa.



Udadobawo uSophia wavula ibhegi yakhe wakhupha iplastiki enemiqwayito emincinci yentlanzi phakathi. “Ezi zincamise ngencasa kwaye zinesondlo!” watsho udadobawo, egqithisa ipakethi kuLomusa ethatha iitshipsi awayeziphethe.



Ngexesha lekhefu uLomusa wakhupha ipakethana yakhe yentlanzi watya. “Mhh! Incamise ngencasa,” wacinga njalo.

Kanye ngelo xesha, amantombazana amabini eBanga 4 adlula ehleka ebambe iimpumlo zawo. “Unuka kakubi!” yakhwaza enye intombazana. ULomusa wakhawuleza wayibuyisela ebhegini yakhe intlanzi.



Ukuphuma kwesikolo, uLomusa wabuyisela umqwayito wentlanzi kudadobawo uSophia. “Amanye amantombazana athe ndiyanuka ngoku bendiwutya,” watsho uLomusa. “Andifuni kuphinda ndiwuphathe esikolweni kwakhona.”



Ngentsasa elandelayo, uLomusa wacela iitshipsi zokuphatha esikolweni kutata wakhe. Wavula ikhabhathi ekhitshini wamnika ipakethi.



“Umnikela ntoni ezo zinto?” watsho udadobawo uSophia. “Ndikuxelele ukuba azinasondlo zingenayo nempilo Luis! Kufuneka umnike iproteni ibe yinto yokushwamza!” udadobawo uSophia wabhekabheka ekhitshini. Kwakukho imbiza esitovini inamaqanda agqitywa kubiliswa. “Amaqanda abilisiweyo ancamise ngencasa! Kwaye ayimpilo!” watsho udadobawo uSophia, egqithisela iqanda kuLomusa ethatha iitshipsi zakhe.



Ngexesha lekhefu, uLomusa wachuba iqanda lakhe walitya. “Mhhh! Lincamise ngencasa,” wacinga njalo.

Kodwa kanye ngelo xesha amakhwenkwe amabini eBanga 5 adlula ehamba ehleka. “Kunuka kakubi!” enye inkwenkwe yakhwaza yatsho. ULomusa wakhawuleza walibuyisela ebhegini iqanda lakhe elibilisiweyo.



Ukuphuma kwesikolo, uLomusa wabuyisela iqanda kudadobawo uSophia. “Amakhwenkwe athe ndiyanuka xa nditya le nto,” watsho uLomusa. “Andifuni kuphinda ndiphathe amaqanda abilisiweyo esikolweni,” watsho uLomusa. Waza wabaleka waphuma esiya kudlala.



Emva kwemizuzwana embalwa, udadobawo uSophia wabiza uLomusa. “Lomusa, ukutya ngendlela eyimpilo kubalulekile!” watsho. “Intlanzi namaqanda abilisiweyo ziwulungele umzimba wakho. Ziya kuwenza womelele zincele ingqondo yakho ibe nomgqalasela! Kodwa, ndiyayiqonda into yokuba kunzima ukuqhulwa. Masikhangele into yokushwamza eneproteni kodwa engenavumba libi,” watsho udadobawo uSophia.



“Anjani amandongomane?” wabuza udadobawo uSophia, ebhekabheka eyadini. “Abazali bakho banezihlahla ezininzi zamandongomane apha eyadini, kwaye awulungele kakhulu umzimba wakho.”

“Unyanisile!” watsho uLomusa. “Ndiyawathanda amandongomane kwaye awanavumba libi! Ndiza kuphatha wona esikolweni, ndize nditye intlanzi namaqanda apha ekhaya. Ndiyabulela dabawo!”



Ngosuku olulandelayo ngexesha lekhefu, uLomusa wathatha isingxobo esinamandongomane wawatya. Wabhekabheka ngexhala, engazinzanga. Kodwa, akuzange kubekho mntu umqhulayo njengoko wayesitya amandongomane akhe ancamise ngencasa.





Ufundo 1

Udadobawo uSophia uthi uLomusa makatye ntoni?

Uthi makatye izakha-mzimba / iiproteni.

Yintoni ethathwa ngudadobawo uSophia kuLomusa?

Uthatha ipakethi yeetshipsi.

Yeyiphi iproteni ekhula ngemva eyadini yakuloLomusa?

Ngamandongomane!

Ingaba uyakwazi ukuba nomfanekiso-ngqondweni kaLomusa ngexesha lekhefu? Kutheni uLomusa engafuni ukuphinda eze nentlanzi okanye amaqanda esikolweni?

- Kuba bayamqhula.
- Kuba akafuni kuphatha ukutya aqhulwa ngako xa ekutya.
- Kuba abanye abantwana esikolweni bahlekisa ngentlanzi namaqanda kuba enuka kakubi.
- Kuba uyakhathazeka xa eqhulwa.



Ufundo 2

Zeziphi iindidi ezintathu zokutya ezineproteni kweli bali?

Umqwayito wentlanzi, amaqanda namandongomane.

Kokuphi ukutya awayeqhulwa ngako xa ekutya uLomusa?

Umqwayito wentlanzi namaqanda.

Ucinga ukuba uziva njani uLomusa xa eqhulwa?

Ndicinga ukuba uLomusa uziva...

Yiba nomfanekiso-ngqondweni kaLomusa esitya amandongomane ngexesha lekhefu! Yintoni eyenza ukuba uLomusa ekugqibeleni athathe isigqibo sokuphatha amandongomane njengento yokushwamza?

- Kuba amandongomane awanavumba libi.
- Kuba waqhulwa akuphatha intlanzi namaqanda. Wayengafuni ukuphatha ezo zinto zokushwamza kwakhona, noxa zazinezondlo zinika impilo.
- Kuba abazali bakhe babenamandongomane ngemva eyadini.
- Kuba uyawathanda amandongomane.
- Kuba umamela udadobawo wakhe ayiqonde into yokuba kufuneka ashwamze ngeproteni kunetshipsi!



IBALI 3

INQABA YESANTI

KAMBUSO



Umxholo: Abahlobo bethu



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liza kunceda abafundi baqonde ukuba xa izinto zingahambi ngendlela banokukhetha ukuzama kwakhona.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Thatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo

- Yintoni: Kukuqikelela izinto umbhali angazicacisanga ngokuthe ngqo, usebenzisa imikhondo esebalini.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqonda intsingiselo enzulu nemiyalezo efihliweyo.
- Inceda njani: Kukunceda uthathe izigqibo njengoko ufunda, uze uqonde ngcono ibali nabalinganiswa.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Eli bali lenzeka elunxwemeni lolwandle.
- Unxweme lolwandle kulapho umhlaba uhlangana khona nolwandle. Phantsi kuyisanti. Amaza amanzi olwandle aphuma engena phezu kwesanti. Abantu bayathanda ukudlala esantini baqubhe emanzini.
- Into abathanda ukuyenza abantu elunxwemeni kukwakha iinqaba zesanti.
- Abantu basebenzisa amabhakethi nemihlakulo ukwakha iinqaba zesanti. Abantu bakwasebenzisa izixhobo ezifumaneka elunxwemeni, ezifana noonokrwece nezinti, ukuhombisa iinqaba zabo.
- Umjelo ngumsele ojikeleze inqaba. Kudaladala, iinqaba zenene zazinemijelo, izele amanzi okunceda ukugcina iintshaba ngaphandle. UMBuso ukopa lo mbono ngomjelo wenqaba yakhe.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
148, 1	Bathi bakufika elunxwemeni lolwandle, uMbuso waqalisa ukomba. Wapakisha isanti ebhakethini lakhe elitsha. Emva koko, wasebenzisa ibhakethi lakhe ukwenza iincochoyi zenqaba yakhe. Wasebenzisa izinti ukwenza iiflegi phezulu kweencochoyi. Wasebenzisa oonokrwece abancinci abamhlophe ukwenza iifestile. Womba umjelo wajikeleza inqaba yesanti. Emva koko, wawuzalisa ngamanzi olwandle.	UMbuso ubonakala njengencutshe. Ndiyakwazi ukuzithathela isigqibo ngolwazi endilufumene kwibali ndithi, asiyonqaba yesanti yokuqala le athe wayakha, kuba uyayazi ngqo into emakayenze!
152, 4	Emva koko yanika uMbuso inkanyezi yolwandle epepuli. “Ndikuphathele oku. Ndiyaxolisa...” yatsho.	Ndiyakwazi ukuzithathela isigqibo esisekwe kulwazi endilifumene ebalini ndithi le ntombazana inebhola eluhlaza yayingazimisela kudiliza inqaba yokuqala kaMbuso, kuba yabuya nesipho ize kuxolisa!

Oko wathi uMbuso wachazelwa ngumama wakhe ukuba baza kuya elwandle ngeeholide zehlobo ayikho enye into awayeyicinga ngaphandle kokwakha iinqaba entlabathini.

Wayecinga ngokwakha iinqaba zentlabathi zodidi. UMbuso wayecinga ngokwakha nemisele engqonge iinqaba zakhe ze izaliswe ngamanzi olwandle.



UMbuso nomama wakhe baya kuthenga zonke izinto ababeza kuzidinga elwandle. Xa babemi emgceni beza kuhlawula, uMbuso wabona ibhakethi kunye nomhlakulo. “Mama, ndingalithatha?” wacenga, “Owu yini mama wam endimthandayo!”



Ngosuku olulandelayo, uMbuso nomama wakhe
bavuka kusasa bahamba besiya erenkini yeeteksi.
Yagudluza nabo iiyure ngeeyure wada uMbuso
walubona ulwandle phaya ekudeni!



Bathi bakufika elunxwemeni lolwandle, uMbuso waqalisa ukomba. Wapakisha isanti ebhakethini lakhe elitsha. Emva koko, wasebenzisa ibhakethi lakhe ukwenza iincochoyi zeqaba yakhe. Wasebenzisa izinti ukwenza iiflegi phezulu kweencochoyi. Wasebenzisa oonokrwece abancinci abamhlophe ukwenza iifestile. Womba umjelo wajikeleza inqaba yesanti. Emva koko, wawuzalisa ngamanzi olwandle.



Wabuya umva efuna ukuqwalasela umsebenzi wakhe omhle. Waguquka wakhwaza umama wakhe. “Mama!” wakhwaza. “Yiza uze kubona!” UMBuso waguquka kakuhle xa kanye intombazana ikhaba ibhola yayo isiya kubetheka kwinqaba yakhe yentlabathi. Yadilika yonke yawela phantsi.



Le ntombazana yaguquka yabaleka yemka. UMBuso wayesele nenduli enkulu yentlabathi.

“Heyi!” wakhwaza, “Uyazibona ukuba wonakalise inqaba yam!” kodwa intombazana yona ayizange ibheke nokubheka. Yasuka yabaleka yehla isiya kusithela.



UMbuso wabaleka waya kumama wakhe. “La ntombazana iyidilizile inqaba yam!” watsho uMbuso.

“Xa kunjalo ke, masakhe enye,” watsho umama wakhe. UMbuso nomama wakhe baqalisa ngokomba entlabathini. Basebenzisa amabhakethi ukwenza iincochoyi. Benza iincochoyi ezininzi ukodlula inqaba eyayenziwe nguMbuso. Basebenzisa izinti ukwenza iiflegi.

Iiflegi zabo zazinkulu ukodlula ezokuqala zikaMbuso.

Bafumana oonokrwece abakhulu abamhlophe bokwenza iifestile. Emva koko bomba umsele ojikeleze inqaba yabo. Basebenzisa ibhakethi bawuzalisa umsele ngamanzi olwandle. Bathi bakugqiba bakha ibhulorho yokuwela umsele.



UMbuso nomama wakhe babuya umva ukuze bajonge umsebenzi wabo omhle.

“Yhu, le nqaba intle iyayodlula leya yakho yokuqala!” latsho ilizwi lentombazana.

UMbuso waguquka. Tyhini, nantsi la ntombazana yebhola eluhlaza imi emva kwakhe.

Emva koko yanika uMbuso inkanyezi yolwandle epepuli. “Ndikuphathele oku. Ndiyaxolisa...” yatsho.



UMbuso wayibeka le nkanyezi encochoyini yenqaba yentlabathi. “Nantso ke,” watsho, “ngoku le yeyona nqaba yakhe yantle kunazo zonke!”

Yancuma intombazana, yanqwala. “NdinguPrecious,” yatsho izazisa. “Ungandibonisa ukuba yakhiwa njani inqaba?” wabuza, ebeka ibhola yakhe phantsi entlabathini.



“Kuqala masizalise ibhakethi ngentlabathi!” watsho uMbuso.

UMbuso noPrecious baqala ukomba. UPrecious wathatha umhlakulo wakha ngawo. Nanko unonkala omncinane ethukuza ephumela ngaphandle! Woyika uPrecious, kodwa kuMbuso oku kwakuhlekisa! Kungekudala uPrecious naye wancedisa bahleka. Ngemizuzwana engephi ezi zihlobo zabumini zazizibhuqa entlabathini zigigitheka.

Babelibele shici ngokwakha inqaba njengoko babebaleka besiya kumaza acocekileyo.



“Yintoni eyona nto uye wayithanda ukodlula ezinye namhlanje?” umama kaMbuso wambuza ngokuhlwa.

“Inqaba zentlabathi ndizonwabele. Kodwa ukufumana umhlobo omtsha onguPrecious yeyona nto ndiyithandileyo,” waphendula encumile uMbuso. “Ingathi ungomso akafiki ndiphinde ndimbone!”





Ufundo 1

Ngubani owadiliza inqaba kaMbuso?

NguPrecious.

Siziqondela njani xa silandela ibali ukuba uPrecious uyazisola?

Kuba wamphathela inkanyezi yolwandle.

Kwakutheni ukuze umama kaMbuso amncedise ukwakha inqaba?

- Kuba inqaba yakhe yokuqala yayidiliziwe.
- Kuba wayequmbile emva kokudilizwa kwenqaba yakhe.
- Kuba wayefuna ukumnceda azive ngcono.
- Kuba abantu ababini bangenza inqaba engcono kunomntu osebenza eyedwa.



Ufundo 2

Wayefuna ukwenza ntoni elwandle uMbuso?

Wayefuna ukwakha iinqaba zentlabathi.

Yintoni eyona nto wayithanda ngaphezu kwezinye elwandle, uMbuso?

Wakuthanda ukufumana umhlobo onguPrecious.

Ucinga ukuba yintoni eyabangela ukuba ukufumana umhlobo onguPrecious kwaba yeyona nto wayithandayo uMbuso elwandle?

- Kuba yinto eyonwabisayo ukuba nomhlobo omtsha.
- Kuba wonwaba ngakumbi xa esakha inqaba yentlabathi kunye nomhlobo ngaphezu kokwakha yedwa okanye kunye nomama wakhe.
- Kuba wayonwabile ehleka noPrecious.
- Kuba kwakumonwabisa ngakumbi ukudlala noPrecious ngaphezu kokwakha iinqaba zentlabathi.

IBALI 4 INKOMO NEMUSI

Umxholo: Abahlobo bethu



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingumxube wenyani nokungeyonyani.
- Liqhubeka eVermont, iphondo eliseUnited States of America.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liza kunceda abafundi bafunde ngakumbi ngeendidi ezahlukileyo zobuhlobo - kunye nobuhlobo obungaqhelekanga phakathi kwenkomo nemusi.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Eli bali liqhubeka eVermont, iphondo elincinane eUnited States of America. IVermont idume ngeentaba ezintle, incindi yemapuli, kunye nokuba neefama zobisi ezininzi.
- Kweli bali, uza kufunda ngenkomo, isilwanyana osiqhelileyo, kunye nemusi.
- Kungaba awuzange wakha weva ngemusi ngaphambili! Iimusi zifumaneka kuMntla Melika kuphela. Zifana namaxhama amakhulu.
- Iinkomo ziqhele ukuhlala ezifama. Iimusi ziqhele ukuhlala endle - kude nabantu.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Thatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo

- Yintoni: Kukuqikelela izinto umbhali angazicacisanga ngokuthe ngqo, usebenzisa imikhondo esebalini.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqonda intsingiselo enzulu nemiyalezo efihliweyo.
- Inceda njani: Kukunceda uthathe izigqibo njengoko ufunda, uze uqonde ngcono ibali nabalinganiswa.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
160, 2	Ngokwenene, imusi etsho ngemilenze emide neempondo ezinkulu yayimi edlelweni lakhe. “Yenza ntoni imusi apha?” uMfama uAbbott wamangala.	Ndiyakwazi ukuzithathela isigqibo esisekwe kulwazi endilufumene ebalini ndithi, kunqabile ukubona imusi, kuba uMfama uAbbott akazange wayibona ngaphambili.
161, 1	Uninzi lweenkomo zakhe lwaluhleli kudana nemusi, zikhangeleka zinomdla wokwazi kwaye zisoyika. Zonke ngaphandle kwenkomo yakhe eyintandane, nenobubele, uDaisy. Wasondela kwimusi. Bajongana okwabahlobo abadala. Emva koko zadla utyani enye isecaleni kwenye. UMfama uAbbott wayengawakholelwa amehlo akhe.	Ndiyakwazi ukuzithathela isigqibo esisekwe kulwazi endilufumene ebalini ndithi, yinto engaqhelekanga ukuba inkomo nemusi zihlobane, kuba uninzi lweenkomo lwaluhlala kude kakhulu kwimusi kwaye kuba uMfama uAbbott wayengawakholelwa amehlo akhe!

Ngenye intsasa eyayinenkungu, uAbbott ongumfama waqhuba engena kwindledlana eya kumzi wakhe. Wajonga phandle wabona iinkomo zisitya utyani kumadlelo agqunywe likhephu. Wothuka wemisa akubona eyona nto yayingaqhelekanga...



“Ingaba yimusi ngenene leya?” wathetha wakhwaza, noxa wayeyedwa kulo ndawo. Wayengazange wakha wayibona imusi kwifama yakhe, kwaye kwakunkungu ngoko ke wayengenakuqiniseka. Waphuma emotweni waza wahamba waya kufika elucingweni.

Ngokwenene, imusi etsho ngemilenze emide neempondo ezinkulu yayimi edlelweni lakhe. “Yenza ntoni imusi apha?” uMfama uAbbott wamangala.



Uninzi lweenkomo zakhe lwaluhleli kudana nemusi, zikhangeleka zinomdla wokwazi kwaye zisoyika. Zonke ngaphandle kwenkomo yakhe eyintandane, nenobubele, uDaisy. Wasondela kwimusi. Bajongana okwabahlobo abadala. Emva koko zadla utyani enye isecaleni kwenye. UMfama uAbbott wayengawakholelwa amehlo akhe.



UAbbott ongumfama wabuyela emotweni yakhe waza waqhuba wagoduka. Akufika phandle, wabeka isitulo sakhe esijiwuzisayo sokuphumla, phambi kwefestile. Wasijiwuzisa wasijiwuzisa, ebukele imusi nenkomo zisitya kunye de laya kutshona ilanga.



Zathi xa zibuyela ekhaya izilwanyana, wema phandle uMusi ejongile, ekhangeleka enomdla wokwazi kwaye ekrokra. Ekugqibeleni uMusi wangqengqa ngaphandle esibayeni. Waza uDaisy wangqengqa ecaleni kwakhe. Kungekudala uDaisy noMusi babe kobude ubuthongo! UAbbott ongumfama wayengayikholelwa le nto ayibonayo.



Ukuvuka kwakhe uAbbott kwisitulo sakhe, wabukela engakholelwa njengoko uMusi noDaisy babengcembe begudla ucingo kunye. UAbbott ongumfama wancuma ecinga ukuba ingaba esi sibini sasithetha ngantoni na.



UAbbott ongumfama waqabela itelelele yakhe waza waya kwenza imisebenzi yakhe yesiqhelo yosuku. Waqala waya kusenga iinkomo esibayeni sazo. Emva koko, waya kupha iinkukhu ukutya. Kwathi endleleni yakhe esiya kongeza ingca eyomileyo, wabona uMusi noDaisy ezantsi kwendlela enkulu.



Njengoko wayesondela ngetetele yakhe wabona iimoto ezininzi zimisile kufuphi ncingo. Isiqhu sabantu sasifika size kubukela uDaisy noMusi sonwabile. Zange kube kudala kwagaleleka imoto yoonondaba beze kucholachola bafota esi sibini sabahlobo singaqhelekanga. UAbbott ongumfama wayengawakholelwa amehlo akhe.

“Lixesha elingakanani esi sibini singabahlobo?” yabuza kuAbbott ongumfama intatheli ikhwaza ifuna ukwazi.



Ngobo busuku uAbbott ongumfama wasimisa kakuhle phambi komabonakude isitulo sakhe esijiwuzayo. Apho ezindabeni wabona ifama yakhe. Inkomo uDaisy noMusi babengoosaziwayo! UAbbott ongumfama wayengayikholelwa loo nto wayeyibona.

Wayenethemba lokuba uMusi noDaisy baya kuhlala bengabahlobo kude kube sesiphelweni.





Ufundo 1

Ngoobani ababa ngabahlobo kweli bali?

Inkomo uDaisy kunye noMusi baba ngabahlobo.

Benza ntoni kunye, uDaisy noMusi?

- Batya ingca kunye.
- Balala kunye.
- Bangcamba kunye begudle ucingo.

Yintoni eyayibangela ukuba uAbbott ongumfama angakukholelwa oko wayekubona?

- Kuba wayengazange wayibona imusi kwifama yakhe ngaphambili.
- Kuba wayengazange weva ngemusi ihlobana nenkomo ngaphambili.
- Kuba wayothukile ukuba inkomo enguDaisy ilale nemusi phandle.
- Kuba abantu abaninzi kakhulu bema bebukela inkomo uDaisy nemusi.
- Kuba ifama yakhe yayisezindabeni.



Ufundo 2

Imusi ayisosilwanyana saseMzantsi Afrika, sesiphi isilwanyana saseMzantsi Afrika esinokuba ngumhlobo ongaqhelekanga wenkomo?

Ndicinga ukuba i... ingangumhlobo ongaqhelekanga.

Yintoni enokubangela ukuba sizithathele isigqibo xa silandela ibali sithi, yinto engaqhelekanga ukuba inkomo nemusi zibe ngabahlobo.

Ndiyakwazi ukuzithathela isigqibo ngokulandela ibali kuba...

- UAbbott wayengawakholelwa amehlo akhe.
- UAbbott wababukela kusasa nasebusuku.
- Isiqhu sabantu sabukela ezi zihlobo zingaqhelekanga.
- Izihlobo inkomo nemusi zazisezindabeni.

Kwakutheni ukuze uDaisy noMusi babe sezindabeni?

- Kuba abantu babemangaliswe kukubona inkomo nemusi zisiba ngabahlobo.
- Kuba yinto engaqhelekanga ukuba inkomo nemusi zibe ngabahlobo.
- Kuba abantu abaninzi babe nomdla kobu buhlobo bungaqhelekanga.

IBALI 5

UDAN UBE

NEVEKI EMBI

Umxholo: Sineemvakalelo



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liza kunceda abafundi baqonde ukuba wonke umntu uyazenza iimpazamo, kwaye ezinye iiveki zivakala zinzima kunezinye.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Yenza unxulumaniso

- Yintoni: Kukucinga indlela ibali elinxulumana ngayo nobomi bakho, ezinye iincwadi okanye ihlabathi.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqonda nokulandela ngcono ibali ngokulinxulumanisa nezinto osele uzazi.
- Inceda njani: Yenza ibali libe nentsingiselo kwaye kube lula ukulikhumbula.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Eli bali lenzelwe ukuhlelisa. Lenzelwe ukuthumela umyalezo obalulekileyo kodwa.
- Khumbuza abafundi ukuba siza esikolweni evekini (ngoMvulo, Lwesibini, Lwesithathu, Lwesine, Lwesihlanu. Asinasikolo ngempelaveki (ngoMgqibelo nangeCawa).
- Zonke iintsuku zesikolo silandela inkqubo yesiqhelo.
- Umzekelo, siyavuka, sinxibe, sipakishe iibhegi zethu zesikolo, size esikolweni ngexesha. Ukuba sithe salibala okuthile, kungadala iingxaki.
- Ukucwala kuthatha ukuziqhelisa. Akusoloko kulula!
- Eli bali linepatheni - uDan usoloko esehlelwa yinto enye! Yonke imihla uzama ukulungisa impazamo yakhe yosuku olungaphambili, kodwa kubakho into entsha engahambi ngendlela.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
172, 1	Kodwa usizana olunguDan lwalibala ingxowa yesikolo ebhasini! Akufika eklasini, wayenebhola yakhe yesoka kuphela.	Ndinganxulumanisa izinto! Oku kufana nokwenzeke kwiivekana ezimbalwa ezidlulileyo, xa bendilibele ingxowa yam ekhaya! Ndaziva ngathi andibambi kakuhle ukuhlala ndishiye yonke into endiyidingayo ekhaya!
174, 1	NgoLwesithathu, uDan wavuka kwangexesha. “Namhlanje kufuneka ndiqiniseke ukuba andiyilibali ingxowa yam yesikolo,” wacinga njalo, njengoko wayekhwela ebhasini. Wayibamba nkqi ingxowa yakhe uhambo lwakhe lonke. Yagudluza naye ibhasi. Ngelishwa kwathi kanti ukhwele ibhasi engeyiyo! Le bhasi yaya kumothula kwisikolo esingesiso esakhe.	Ndiyakwazi ukwenza unxulumaniso! Ndakha ndathi ndikuloliwe ndabiwa bubuthongo. Ukothuka kwam, ndandidlule kwindawo yam yokwehla. Ndandikwindawo engeyiyo! Ndaziva ndizicaphukela ngenxa yokuba kwindawo engeyiyo!

Owu! Usizana olunguDan lube neveki embi kakhulu. Uvuke emva kwexesha ngoMvulo. Uyiphosile ibhasi waza wafika emva kwexesha esikolweni.



“Kutheni ufike emva kwexesha, Dan?” wabuza utitshala wakhe.



NgoLwesibini, uDan wavuka kusasa kakhulu ukuze angayiphosi ibhasi kwakhona. Kodwa usizana olunguDan lwalibala ingxowa yesikolo ebhasini! Akufika eklasini, wayenebhola yakhe yesoka kuphela.






“Iphi ingxowa yakho yesikolo, Dan?” wabuza utitshala wakhe.

NgoLwesithathu, uDan wavuka kwangexesha.

“Namhlanje kufuneka ndiqiniseke ukuba andiyilibali ingxowa yam yesikolo,” wacinga njalo, njengoko wayekhwela ebhasini. Wayibamba nkqi ingxowa yakhe uhambo lwakhe lonke. Yagudluza naye ibhasi. Ngelishwa kwathi kanti ukhwele ibhasi engeyiyo! Le bhasi yaya kumothula kwisikolo esingesiso esakhe.





“Uyephi uDan namhlanje?” wabuza utitshala wakhe.

NgoLwesine, uDan wayikhangela wayincama
impahla yakhe yesikolo.

“ULwesine kanene lusuku lokuqubha,” wacinga njalo
uDan.

Waya esikolweni enxibe impahla yakhe yokuqubha.





“Iphi impahla yakho yesikolo, Dan?” wabuza utitshala wakhe.


NgoLwesihlanu, uDan wavuka kusasa kakhulu. Wanxiba impahla yakhe yesikolo, waphatha ingxowa yakhe yesikolo waza wakhwela kwibhasi efanelekileyo. Wafika esikolweni lisekude kakhulu ixesha lokungena kwesikolo, kwakusemnyama phandle.

“Ndide ndenza yonke into ngendlela ekugqibeleni!” wacinga njalo uDan. Ngelishwa usizana olunguDan lwaludinwe ngeyona ndlela waza wabiwa bubuthongo egumbini lokufundela, walala.






“Ulaleleni Dan?” kwabuza utitshala wakhe.



NgoMgqibelo, uDan wafika esikolweni kwangethuba, enxibe impahla yesikolo, ephethe nengxowa yakhe yesikolo.

“Namhlanje yonke into ndiza kuyenza ngendlela efanelekileyo!” wacinga njalo. “Ndiza kuthi qwa ndingalali imini yonke!” kodwa wathi akufika esikolweni, isango lesikolo lalitshixiwe.



“Yini ukuba sesinje sona isiyatha! Akukho sikolo ngoMgqibelo!” watsho uDan.



NgeCawe, uDan waya kwitheko lomhla wokuzalwa lomzala wakhe. Wayezele yimincili waza wakhubeka waya kuwa phezu kwekeyiki.

“Owu yini ilishwa elinje!” wacinga njalo uDan. “Yini ukuba neveki embi ngolu hlobo! Ndiyathemba noko ezayo iya kuba ngcono.”





Ufundo 1

Kwenzeke ntoni le yenze ukuba uDan abe neveki embi?

- Waphosa ibhasi waza wafika emva kwexesha.
- Walibala ingxowa yakhe yesikolo.
- Waya kwisikolo esingesiso esakhe.
- Utitshala wakhe wayenomsindo ngakuye.
- Njl.njl.

Wawa nini uDan phezu kwekeyiki?

Wawa phezu kwekeyiki ngeCawe, kwitheko lomzala wakhe.

Kwakutheni ukuze uDan azame ukuya esikolweni ngoMgqibelo?

- Yonke imihla uDan wayesehlelwa yinto embi.
- UDan wayenqwenela ukuba nosuku olumnandi esikolweni.
- UDan ufuna ukuba nosuku olungenazimpazamo esikolweni.
- UDan uzimisele ukuba nosuku olumnandi wade walibala ukuba asikho isikolo ngoMgqibelo.



Ufundo 2

Waya phi uDan ngoMgqibelo?

Waya esikolweni!

Ungenza unxulumaniso: Kunini apho waziva njengoDan?

Ndaziva njengoDan xa...

Kwakutheni ukuze iveki kaDan ibe mbi kangaka?

- Akukho namnye owayibonayo indlela uDan awayezama ngayo efuna ukwenza into efanelekileyo.
- Wenza iimpazamo njalo, naxa wayezama ukuzilungisa!
- Waziva ehlazekile.
- Waziva esisiyatha.
- Wayequmbe esisifu.

IBALI 6

UZWELI UZIVA EKHATHAZEKILE

Umxholo: Sineemvakalelo



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liza kunceda abafundi baqonde ngcono ukuba izenzo zengqiqo zothando nobubele ziba nentsingiselo ngakumbi kunezipho ezibizayo.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Ngamanye amaxesha sizikhathaza ngezinto kungekho sizathu.
- Ngeentsuku zokuzalwa, sisoloko sinikeza izipho ukubonisa othile esimthandayo nesimxabisileyo.
- Ngamanye amaxesha sicinga ukuba isipho esikhulu, esibizayo, sesona sipho singcono. Kodwa ngamanye amaxesha ezona zipho zikhethekileyo zezi sizenza ngokwethu.
- Ngamanye amaxesha abantu bayakhala xa beziva bonwabile.
- Ukubonakalisa uthando nenkathalo akufunisi imali - lilinge kuphela.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Yenza unxulumaniso

- Yintoni: Kukucinga indlela ibali elinxulumana ngayo nobomi bakho, ezinye iincwadi okanye ihlabathi.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqonda nokulandela ngcono ibali ngokulinxulumanisa nezinto osele uzazi.
- Inceda njani: Yenza ibali libe nentsingiselo kwaye kube lula ukulikhumbula.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
190, 1	UZweli wayengqengqe ebhedini, ekhathazekile. “Ndiza kumnika ntoni umama ngosuku lwakhe lokuzalwa?”	Ndiyakwazi ukwenza unxulumaniso. Xa ndikhathazekile, soloko ndisiba nengxaki nokulala - kanye njengoZweli!
191, 1	UZweli wavuka kwangethuba, ekhathazekile. Wenza iikomityi ezimbini zeti - enye iyeyakhe enye iyekamama wakhe.	Ndiyakwazi ukwenza unxulumaniso! Xa ndifuna ukwenzela umntu othile endimthandayo into ekhethekileyo, ndiyathanda ukumenzela isidlo. Ayisosipho - kodwa yinto endiyenzela ukubonakalisa ukuba ndiyakhathala.

UZweli wavuka, eziva enxaniwe. Inyanga yayijinga esibhakabhakeni ngaphandle kwefestile yakhe.



Waphuma ezingubeni wazolula. Njengoko wayesiya ngasekhitshini, ilizwi likamama wakhe latsala ingqalelo yakhe.

“Andikholelwa ukuba ngomso lusuku lwam lokuzalwa. Ixesha liyakhawuleza. Ayinamsebenzi, ndicinga ukuba lusuku nje olufana nezinye iintsuku,” watsho.


“Hayi bo!” wacinga uZweli. “Ngomso lusuku lokuzalwa lukamama kwaye akukho nto ikhethekileyo ndinokumnika yona!”

Walibala kwaphela ngeglasi yamanzi.



UZweli wayengqengqe ebhedini, ekhathazekile.
“Ndiza kumnika ntoni umama ngosuku lwakhe lokuzalwa?”

Umama wakhe wayesoloko emnika into ekhethekileyo ngosuku lwakhe lokuzalwa. Wayefuna ngenene ukwenza njalo nakuye – kodwa wayengenamali.



UZweli wavuka kwangethuba, ekhathazekile.
Wenza iikomityi ezimbini zeti – enye iyeyakhe
enye iyekamama wakhe.

Umama wangena ekhitshini. “Min’ emnandi kuwe
mama!” watsho. Wamnika eyakhe iikomityi yeti.

Umama wakhe wayebonakala emangalisiwe,
emva koko wancuma.



Imini yonke esikolweni, uZweli wayekhathazekile.
“Ndiza kumnika ntoni umama wam ngosuku
lwakhe lokuzalwa?”

Ngekhefu, wathatha iphepha elingabhalwanga
waze wenzela umama wakhe ikhadi.

Ngaphakathi wabhala: Min’ emnandi yokuzalwa
Mama. Ungoyena mama ungcono. Ndiyaxolisa
andinasipho sikhethekileyo endinokukunika sona.
Akwaba bendinokukufumanela isipho esikhulu
kakhulu. Ndiyakuthanda. Ngothando, Zweli.





UZweli wagoduka esacinga. “Ndiza kumnika ntoni umama ngosuku lwakhe lokuzalwa?” Wayeziva elusizi kuba engenasipho sikhulu sikhethekileyo sikamama wakhe.

Akufika ekhaya umama, wamnika ikhadi lakhe.
Njengoko efunda, iinyembezi zagwantya
emehlweni akhe.

UZweli wacinga ukuba uziva ekhathazekile kuba
kungekho sipho sikhulu, sikhethekileyo. Wahamba
wayokulungiselela ukulala.



“Usuku lwam lokuzalwa ulwenze lwalolukhethekileyo!” wasebeza watsho umama njengoko ehlala ebhedini kaZweli. “Enkosi!”

“Kodwa...Andikufumanelanga siphosikhethhekileyo!” waphendula uZweli.

“Owu Zweli – undinike eyona nto ikhetheke ngaphezu kwaso nasiphi na isipho esithengwe evenkileni!” watsho umama. “Undenzele iti ngale ntsasa, kweyona magi yam ndiyithandayo. Emva koko wandenzela ikhadi elihle elinomfanekiso okhethekileyo. Ezo zezona zipho zothando, zingcono ebendinokuzinqwenela!”

UZweli wancuma waza waphefumla umoya wokukhululeka njengoko umama wakhe wayemphuza ebunzi.





Ufundo 1

Ngubani owayethetha efowunini?

Umama kaZweli wayethetha efowunini.

UZweli wamva esithini umama wakhe?

Weva umama wakhe esithi lusuku lwakhe lokuzalwa ngemini elandelayo.

Wamenzela ntoni uZweli umama wakhe ngentsasa elandelayo?

Wenzela umama wakhe ikomityi yeti.

Kwakutheni ukuze umama kaZweli amangaliseke?

- Wayemangalisiwe kuba uZweli wayemenzele ikomityi yeti.
- Wayemangalisiwe kuba uZweli wathi, “Min’ emnandi kuwe!”
- Wayemangalisiwe kuba wayengacinganga ukuba uZweli wayesazi ukuba lusuku lwakhe lokuzalwa.



Ufundo 2

UZweli wavuswa yintoni?

UZweli wavuka kuba wayenxaniwe.

Yintoni eyayisenza uZweli angakwazi kulala?

Kwakukho into emkhathazayo. Ngamanye amaxesha kuba nzima ukulala xa kukho into ekukhathazayo.

Zeziphi izipho uZweli awazinika umama wakhe?

- Wamenzela ikomityi yeti.
- Wamenzela ikhadi esikolweni.

Kwakutheni ukuze uZweli azive ekhathazakile?

- UZweli waziva ekhathazekile kuba yayilusuku lukamama wakhe lokuzalwa kwaye wayengenanto ikhethekileyo wayenokumnika yona.
- UZweli waziva ekhathazekile ngento awayenokumnika yona ngosuku lwakhe lokuzalwa.
- UZweli waziva ekhathazekile kuba wayengenamali yokuthengela umama wakhe isipho esikhulu, esikhethekileyo.
- UZweli waziva ekhathazekile kuba umama wakhe wayeza kuziva elusizi ngaphandle kwesipho esikhulu, esikhethekileyo ngosuku lwakhe lokuzalwa.

IBALI 7

ISIGONYO

SOKUQALA

Umxholo: Senza inzululwazi



Iinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingumxube wenyani nokungeyonyani.
- Liqhubeka eNgilane.
- Lenzeka kwixesha eladlulayo - ngaphezu kwama200 eminyaka eyadlulayo.
- Eli bali liza kunceda abafundi bafunde ngakumbi ngendlela ezenziwa ngayo izigonyo, baze baqonde ukuba inzululwazi iyinxalenye yobomi bethu bemihla ngemihla.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Yenza uhlolo

- Yintoni: Kukuthatha isigqibo sokuba uyalithanda na ibali okanye izigqibo ezithatyathwe ngabalinganiswa.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuthatha ezakho izigqibo nokuqonda ibali ngokunzulu.
- Inceda njani: Inceda ucinge ngomyalezo webali kunye nokukholelwayo ngalo.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Ngaphezu kweminyaka engaphezu kwama200 eyadlulayo, isifo esaziwa ngokuba yiNgqakaqha sabulala izigidi zabantu. Abantu babengayazi indlela yokuzikhusela kuso kwaye kwakungekho chiza lakusinyanga.
- Ugqirha obizwa ngokuba nguEdward Jenner waqaphela nto ithile ingaqhelekanga. Wabuza imibuzo, wavavanya uluvo lwakhe, waza watshintsha ihlabathi.
- Kubalulekile ukwazi ukuba: INgqakaqha yayisisifo esinobungozi kakhulu esabulala izigidi zabantu. INgqakaqha yeenkomo yayisisifo esiphakathi ngobungozi esisifunyanwa ngabantu ezinkomeni. Abasengi babesoloko besosuleleka yiNgqakaqha yeenkomo kodwa ingababulali. UEdward Jenner waqaphela ipatheni - kwaye osonzululwazi basoloko beqala ngokuqaphela iipatheni.
- Xa ufumana isigonyo, umzimba wakho unikwa isixa esincinane sesifo. Umzimba wakho ufunda indlela yokusilwa. Mva, ukuba isifo senyani siyafika, umzimba wakho ukulungele ukulwa naso.
- Kweli bali, uEdward Jenner uvavanya isigonyo sakhe emntwaneni. Kudala, oogqirha babengasoloko beyiqonda indlela yokuvavanya izimvo ngokukhuselekileyo. Namhlanje kukho imithetho engqingqwa ekhusela abantu ngexesha lovavanyo lwamayeza.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
202, 1	Wasungula isigonyo sokuqala ukulwa esi sifo sitshabalalisayo!	UEdward Jenner wazifumanela indlela yokwenza isigonyo phambi komntu wonke. Ndenza uhlolo lokuba ufanele ukuba wayengumntu okrelekrele!
205, 1	Igama lenkwenkwe lalinguJames. UEdward wayefuna ukubona ukuba le naliti incinci ingawunceda na umzimba kaJames wakhe izixhobo zokulwa iNgqakaqha.	UEdward wayefuna ukwazi ngamandla, wahlaba inkwenkwana ngenaliti yeNgqakaqha yenkomo. Ndicinga ukuba oku yayingumncipheko omkhulu! Wayesenokulosulela ngeNgqakaqha usizana oluncinci olunguJames.

Ufanele ukuba ukhe wagonywa ngaphambili, kodwa ingaba wakhe wacinga ukuba isigonyo sisebenza njani? Ingaba uyayazi into eyenzekayo xa inaliti ingena engalweni yakho?

Xa ugonywa, uhlatywa kungeniswe intwana yesifo eso emzimbeni wakho. Oku kunceda umzimba wakho ukuba wakhe izixhobo ezidingwa ngumzimba ukulwa esi sifo. Oku kuthetha ukuba angekhe usifumane esi sifo kwixesha elizayo.



INGqakaqha yayisisifo esakhe sabulala izigidi zabantu kwihlabathi jikelele. Kodwa, esi sifo asisekho ngenxa yendoda enguEdward Jenner emasiyibulele. Wasungula isigonyo sokuqala ukulwa esi sifo sitshabalalisayo!



UEdward Jenner wayehlala eNgilane kwiminyaka engaphezu kwamakhulu amabini eyadlulayo. UEdward waqaphela ukuba abantu abaninzi kwindawo awayehlala kuyo babegula baza bafa bebulawa sisifo seNgqakaqha. Esi sifo sasinokuhlasela nabani - omncinane okanye omdala, osisityebi okanye olihlwempu. Kodwa, wonke umntu wayesazi ukuba abafazi ababesenga iinkomo – phantse babengasifumani esi sifo. Oku kwamenza uEdward wamangala ukuba ingaba kwenziwa yintoni na.



UEdward wathatha isigqibo sokuqwalasela abasengikazi. Wabona ukuba iinkomo zinesifo esibufana nesi, esibizwa ngokuba yiNgqakaqha yeenkomo. Abasengikazi babegula babe nesifo iNgqakaqha yeenkomo, kodwa babephila babe ngcono. Emva koko, babekwazi ukuhlala gumbini linye nomntu onesifo seNgqakaqha, kodwa bangosuleleki sesi sifo sitshabalalisayo!

UEdward wayiqonda into yokuba iNgqakaqha yeenkomo yiyo eyayikhusela abasengikazi. Wacinga ukuba ukufumana iNgqakaqha yeenkomo kunceda imizimba yabo yakhe izixhobo zokulwa iNgqakaqha. Kodwa kwakufuneka eyivavanyile le nginga yakhe.



UEdward wafumana umsengikazi owayegula ebanjwe yiNgqakaqha yeenkomo. Wathi ke wathatha ubofu obukweline lamadyungudyungu awayenawo.

UEdward wahlaba inkwenkwana eneminyaka esibhozo ngobu bofu engalweni. Igama lenkwenkwe lalinguJames. UEdward wayefuna ukubona ukuba le naliti incinci ingawunceda na umzimba kaJames wakhe izixhobo zokulwa iNgqakaqha.



Emva koko uEdward wabeka uJames kwigumbi elinabantu abaneNgqakaqha. Wayefuna ukubona ukuba uJames uza kugula na. Kodwa, icebo likaEdward lalichanekile – intwana yeNgqakaqha yeenkomo yawunceda umzimba kaJames wakha izixhobo ezazidingeka ukulwa iNgqakaqha. UJames zange agule!



UEdward emva koko waqiniseka ukuba ingcinga yakhe yayichanekile ukuba nentwana yesifo kungawunceda umzimba ukulungele ukulwa ukukhusele! Siyawubulela umsebenzi kaEdward Jenner, kuba ngoku sinezigonyo ezisikhusela kwizifo ezininzi ezitshabalalisayo!





Ufundo 1

Wenza ntoni eyayiqala ukubakho uEdward Jenner?

- Wenza isigonyo sokuqala.
- Wenza isigonyo seNgqakaqha.

UEdward Jenner wayecinga ukuba bakhuselwa yintoni abasengikazi kwiNgqakaqha?

Wayecinga ukuba iNgqakaqha yeenkomo yiyo eyayikhusela abasengikazi kwiNgqakaqha.

Yintoni eyabangela ukuba uEdward Jenner ahlabe uJames ngeNgqakaqha yeenkomo?

- Kuba wabona ukuba abasengikazi babengahlaselwa yiNgqakaqha emva kokuba behlaselwe yiNgqakaqha yeenkomo.
- Kuba wayefuna ukubona ukuba iNgqakaqha yeenkomo ingamkhusela na uJames kwiNgqakaqha.
- Kuba wayefuna ukuhlola uluvo lwakhe.



Ufundo 2

Yintoni le ngxaki wayefuna ukuyisombulula uEdward?

Wayefuna ukunqanda ukugula kwabantu sisifo iNgqakaqha.

Saba yintoni isisombululo awenza ngaso uhlolo?

- Wahlola ngokuhlaba uJames ngeNgqakaqha yeenkomo.
- Wahlola ukuba uJames uya kuhlaselwa na yiNgqakaqha emva kokuhlatywa ngeNgqakaqha yeenkomo.

Ungayihlola na imeko uthathe isigqibo? Ucinga ntoni ngesigqibo esathathwa nguEdward sokubeka uJames kwigumbi elinabantu abaneNgqakaqha?

- Ndicinga ukuba yayilicebo elilungileyo kuba...
- Ndicinga ukuba yayilicebo elingalunganga kuba...

IBALI 8

ILINGE

LIKALIMANI

Umxholo: Senza inzululwazi



Tinkcukacha ngemvelaphi

- Le tekisi libali elingeyonyani.
- Lisekelwe eMzantsi Afrika.
- Lenzeka kule mihla.
- Eli bali liza kunceda abafundi baqonde ngcono ukuba izityalo zizinto eziphilayo, kwaye zidinga izinto ezithile ukuze zihlale ziphila.



Indlela yobuchule bengqiqo nokuqonda: Yenza unxulumaniso

- Yintoni: Kukucinga indlela ibali elinxulumana ngayo nobomi bakho, ezinge iincwadi okanye ihlabathi.
- Kutheni siyisebenzisa: Ukuqonda nokulandela ngcono ibali ngokulinxulumanisa nezinto osele uzazi.
- Inceda njani: Yenza ibali libe nentsingiselo kwaye kube lula ukulikhumbula.



Eminye imiba yokwabelana nabafundi bakho

- Izityalo ziyaphila, njengabantu nezilwanyana.
- Izinto eziphilayo zidinga izinto ezithile ukuze ziphile. Ngokuthe ngqo, izityalo zidinga:
 - Umoya wokuphefumla
 - Amanzi okusela
 - Ukukhanya kwelanga - izityalo zikusebenzisa ukwenza ukutya
 - Umhlaba - ukunika izondlo nenkxaso
- Kweli bali, uLimani wenza ilinge nezityalo zakhe.
- Ilinge lakhe lenzelwe ukumnceda abone okwenzekayo ukuba isityalo asifumani moya, manzi, kukhanya, okanye umhlaba.
- Ufunda ukuba njengosonzululwazi, kufuneka aqaphele ngenyameko aze abhale phantsi akubonayo.
- Amalinge afana nakaLimani asanceda sifunde ngakumbi ngelizwe elisingqongileyo.



Ukusebenzisa le ndlela yobuchule:

Iphepha nomhlathi	Funda	Yithi
215, 2	ULimani nabazali bakhe balungiselela ukwenza ilinge lenzululwazi kwifestile kaLimani.	Owu! ndingenza unxulumaniso nebali esilifunde kule veki iphelileyo! UEdward Jenner wenza ilinge naye. Abantu benza amalinge okuvavanya uluvo baze bafunde ulwazi olutsha.
216, 1	“Masifake esinye sezi zityalo kwisingxobo seplastiki. Emva koko siza kubona okwenzekayo xa isityalo singafumani moya,” watsho umama kaLimani.	Kwibali lethu leveki ephelileyo, uEdward wenza ilinge lokubona ukuba isigonyo sakhe singasebenza na. Ngoku, uLimani wenza ilinge ukubona ukuba yintoni eza kwenzeka xa izityalo zingazifumani izinto ezahlukileyo ezizidingayo!

Umalume kaLimani wamnika intyatyambo eyi'orchid' ngosuku lwakhe lokuzalwa. "Uze usinakekele esi sityalo!" watsho kuLimani. ULimani wayibeka le orchid kwitafile esecaleni kwebhedi yakhe.



Kodwa emva kweevekana ezimbalwa, safa isityalo.

ULimani wasikhupha isityalo wabonisa abazali bakhe.
“Ndibhidekile – bendicinga ukuba ndisiphethe kakuhle
isityalo sam,” watsho. “Kwenzeke ntoni kuso?”



Umama kaLimani waphela yintsini. “Owu Limani! Ndiyaxolisa – bendicinga ukuba uyayazi indlela yokunakekela izityalo. Lityala lethu – besifanele ukuba sikufundisile ukuba zinakekelwa njani izityalo ukuze ziphile. Izityalo zinobomi njengam nawe. Zidinga izinto ezifanayo nezi sizidingayo ukuze siphile.”

“Bendingazi ukuba izityalo ziyaphila!” watsho uLimani emangalisekile. “Ingaba oko kuthetha ukuba izityalo ziphefumla umoya, njengathi?”

“Ewe kunjalo,” watsho umama kaLimani, “Izityalo ziphefumla umoya – kanye njengathi.”

“Xa kunjalo ndicinga ukuba iorchid yam ibinawo umoya ukuze iphefumle,” watsho uLimani.

“Ewe, kodwa izityalo zikwadinga amanzi ukuze ziphile – njengathi. Zonke izinto eziphilayo zidinga amanzi. Ukhe wayinkcenkceshela iorchid yakho?” wabuza umama kaLimani.

ULimani wanikina intloko yakhe! “Bendingazi ukuba izityalo zidinga amanzi! Iorchid yam ifanele ukuba ibinxanwe ngeyona ndlela!”

“Ukutya kona? Sidinga ukutya ukuze siphile, anditsho? Zitya ntoni ke zona izityalo?” wabuza uLimani enomdla wokwazi.

“Uyabona, yiloo nto zidinga ilanga. Zitshintsha imitha yelanga ibe kukutya kwazo! Ucinga ukuba iorchid yakho ibilifumene ngokwaneleyo ilanga ukuze izenzele ukutya kwayo?” wabuza umama kaLimani.

ULimani wanikina intloko yakhe. “Hayi, igumbi lam lokulala limnyama.”

“Izityalo zikwadinga izakha-mzimba kunye nezondlo, ezizifumana emhlabeni. Ndicinga ukuba isityalo sakho besinawo umhlaba kodwa imitha yelanga ibinganelanga – ngoko ke sifanele ukuba besilambe kakhulu,” wongeza ngelitshoyo umama kaLimani.



“Ndinecebo,” watsho umama kaLimani, ephethe isithebe esinezithole kunye neengqayana. “Makhe sijonge ukuba kwenzeka ntoni xa izityalo zingafumani moya, amanzi, ilanga okanye umhlaba!” watsho.


ULimani nabazali bakhe balungiselela ukwenza ilinge lenzululwazi kwifestile kaLimani.



“Masifake esinye sezi zityalo kwisingxobo seplastiki. Emva koko siza kubona okwenzekayo xa isityalo singafumani moya,” watsho umama kaLimani.



Umama kaLimani wasusa umhlaba ngokushukumisa isithole waza wasifaka kwingqayana engenanto. “Oku kuza kusibonisa ukuba kwenzeka ntoni xa isityalo singenawo umhlaba!” watsho.



“Kufuneka sibone ukuba kwenzeka ntoni xa isityalo singafumani langa!” watsho uLimani. Waza, wabaleka waya ekhitshini wabuya nesingxobo esincinane sephepha elimdaka. “Ngoku asizi kufumana kukhanya okuvela elangeni – kwaye asizi kufumana kutya,” watsho, egquma esinye sezithole ngesingxobo sephepha.



“Esi ke, sesi siza kungafumani manzi,” watsho umama kaLimani.

“Ekugqibeleni, kufuneka sibe nesityalo esiza kufumana yonke into esiyidingayo – umoya, ilanga, umhlaba kunye namanzi. Ngolo hlobo siza kuba nako ukuthelekisa izityalo ezingafumani konke ezikudingayo kunye nesityalo esifumana konke!” watsho umama kaLimani.

ULimani wafakela ileyibhile kwisityalo ngasinye.



“Enye yezinto ezenziwayo xa ungusonzululwazi kukuqaphela uze ubhale phantsi,” watsho umama kaLimani, emnika incwadi encinane yokubhala. “Le yijenali ekhethekileyo yokuqaphela ubhale phantsi oko ukubonayo!”

Umama kaLimani wamncedisa wacwangcisa ijenali yezityalo. “Namhlanje, kufuneka senze uqikelelo lwento esicinga ukuba iza kwenzeka kwisityalo ngasinye. Oko kuthetha ukuba kufuneka usebenzise oko ukwaziyo ngezityalo ukuze wenze uqikelelo olulungileyo!” watsho umama kaLimani.



ULimani waqalisa ukuzoba, ecinga ngezinto eziza kwenzeka kwizithole zakhe.





Ufundo 1

Kwenzeke ntoni kwiorchid kaLimani evela kumalume wakhe?

Iorchid evela kumalume iye yafa.

Zidinga ntoni izityalo ukuze zikhule?

Izityalo zidinga umoya, ilanga, amanzi kunye nomhlaba ukuze zikhule.

Ungenza unxulumaniso phakathi kwebali lethu leveki ephelileyo, “Isigonyo sokuqala” kunye nebali lethu lale veki malunga noLimani?

- Ndingenza unxulumaniso. Into efanayo malunga nala mabali mabini yi...
- Ndingenza unxulumaniso. UEdward Jenner noLimani bobabini...



Ufundo 2

Chaza into ibe nye oyifundileyo ngezityalo kweli bali?

Ndifunde...

Ucinga ukuba uLimani wafunda ntoni ngelinge lakhe lezenzululwazi?

Ndicinga ukuba uLimani wafunda ukuba...

Xa uqikelela ingathi kungenzeka ntoni xa umalume kaLimani enokumnika isityalo ngoku?

Ndicinga ukuba xa umalume kaLimani enokumnika isityalo esitsha... kuba...



NHLRP | National Home Language Reading Programme “